


KHANGELA PHAYA KUYESU

 Amen. Enkosi, George, Becky, noDade Ungren, ngelo culo limnandi! Yinyaniso leyo, “Konke kuyaguquka akufika uYesu.” Ubuvalela nje ngaphandle ubumnyama, asasaze ukuKhanya, yaye sinombulelo ngenxa yaloo nto. Ngoku, ibilityeli lokuqala likaBecky edlala umculo apha ebandleni, ngoko liculo elifaneleke ngenene elo, *Akufika UYesu*.

² Sinombulelo ke kwakhona ngokuba lapha ngokuhlwanje sinombulelo kakhulu ngo . . . ngokuphumelela kwenu kangaka ngale ntsasa. Ke ngokuhlwanje, kukuthi, ndinomxholo omncinane endifuna ukuthetha ngawo, okwemizuzwana embalwa; kodwa ke ngaphambi koko, ndinezaziso endimelwe kukuzenza, nezinto ezinjalo.

³ Nditshelwile ilizwi kancinane nje. Ndiyacinga nje ukuba kukuthetha ngokugqithisileyo. Ndishumayelele ithuba elide. Kodwa ndiza kuthatha ezi, iyure okanye zibe mbini, amakhasethi, ndize ndithi ndakubuyela apha, kube ngenxa yokuba ndishicilela wona ukulungiselela ihlabathi jikelele. Ndiyanibulela ke ngoko ngokuba nomonde kangaka kuthi ngale ntsasa.

⁴ Ke ngoku kukho izinto ezimbalwa endiyakuthanda ukuzicaphazela kanye kule ndawo. Oko kukuthi, ukuthi, ndi—ndingathanda ukucela ibandla, into yokuqala, into ethile endi—endiyenzileyo, kwaye ndi—ndifuna ukucela ukuba ndingayitshintsha na loo nto, ngokuhlwanje. Asi . . .

⁵ Andenzi zifungo zonyaka omtsha. Kwaye ndi . . . simelwe kukuhamba ngomso, ngoko asisayi kubakho apha ngethuba lonyaka omtsha, ukuze . . . kodwa siyakube sinikhumbula. Yaye ndiyakholwa ukuba iyakubakho inkonzo apha, ngobusuku bonyaka omtsha. Ewe, kunjalo, i—inkonzo yomlindo, njengokuba behlala bebanayo ngobusuku bonyaka omtsha. Singathanda ukuhlala, kodwa nje asinako ukufika ngexesha ngoko uku—ukuze sise abantwana esikolweni. Yaye inkosikazi imelwe kukuhlamba impahla yabo; niyazi ukuba injani na loo nto.

⁶ Ke ndifuna ukubulela umntu ngamnye kuni ngezinto ezilungileyo enisenzele zona apha ngeKrisimesi. Nakuni bafazi niye nenyuka nabeka ukutya phaya endlwini, nezinto ezinjalo, ukulungiselela thina, ukuze sakufika phaya—phaya, zabe izinto sele ziphekiwe zilungele ukudliwa. Ndiyanibulela ngenene ngaloo nto. Wanga uThixo anganisikelela njalo.

⁷ Nebandla ke, ngetikitana lalo, ukuze ndibe nokuya ngapha ndi—ndifumane iimpahla ukuba ndiyazifuna, isuti. Lindipha

isuti nyaka ngamnye. Yaye abanye babahlobo bam abanobubele basandula kundifunela isuti. Ngoko ndiyacinga, ukuba kulungile, ndifuna ezinye izinto ezinjengehempe nehempe zangaphantsi, nezinto ezinjalo, ndingathanda ukuyithabathela loo nto loo mali ukuba kulungile kwibandla. Zezo zinto endizisweleyo kunokuba ndi. . . kakhulu kunokuba ndiyiswele isuti, okweli xesha.

⁸ Ke ngoku, lo mfo uselula ugqiba kusiculela iculo, uMzalwana George Smith, wasezantsi eTucson, besinyuka siye enkonzweni yabo phaya phezulu, inkonzo iNew Testament Baptist. Uyise ungumseki mabandla. Ndiyacinga ukuba unamalunga nesixhenxe samabandla ezantsi e-Old Mexico. Yaye kukho abantu abalungileyo ngenene apho. Kwaye uyise nonina ke, nabo bebonke, bangabantu abalungileyo ke khona. NoGeorge ungumfana olunge kakhulu. Ndiva kakubi ngokuba engasinikanga bungqina phambi kokuba ahlale phantsi, obobabalo olusindisayo lukaKristu kubomi bakhe.

⁹ Ke ngoku, i-iMiyalezo, ndithembisile apha kungekudala kwithuba elidlulileyo, ukuba iMiyalezo, phambi kokuba ndiphumele ngaphandle ezinkonzweni, ndiyakuza apha kuqala ndishicilele ndize ke ndiphumele ngaphandle. Loo nto ibisenzelwa ukuze amakhasethi aye ebantwini. Bendiyakuza apha ke ndishicilele uMyalezo, ndize ndiphume ndiWushumaye. Loo nto ibiyakunika abantu ithuba, ku-kubenzi bamakhasethi, elokuba benze ikhasethi size sihambe nalo ekuhambeni kwethu. Ngoku ndilungiselela ukumnka ndisiya kuludwe lwehambo zokuvangela, ngoko a-andiyi kuba nako ukuyenza loo nto ukususela ngoku ukuya phambili, yabona, yaye abo bashicilela amakhasethi bayakunyanzeleka nje ukuba bawafumane njengoko sihamba.

¹⁰ Yaye ndiyacinga, ngaphaya koko, abazukuba nentlanganiso malunga namakhasethi kule veki? Okanye, into ethile okanye eyenye malunga noko, into ethile malunga namakhasethi kule veki. Phofu ke, ndiyacinga ukuba uMzalwana Sothmann ukhona, kwaye umele uMzalwana Maguire. Andazi nokuba ukhona na okanye hayi. Ndiyacinga ukuba ukhona uMzalwana uFred. Ukho umntu othe ukhona. Yena ke. . . Ndiyacinga ukuba banentlanganiso kule veki, mhlawumbi ngokuhlwa kwangomso, okanye ngexesha elithile, malunga namakhasethi. Sasithetha ngayo ngobunye ubusuku, kwelaa gumbi liphaya. Ndiyacinga ukuba lifikile ixesha lokuba kubekho into eyenziwayo, ukuze bayithabathe benze amalungiselelo ngayo.

¹¹ Ngoko, ukusukela ngoku ukuya phambili, ndiyakuthetha nje iMiyalezo endingakhange ndiyichukumise apha eMnqubeni, phaya ngaphandle ezinkonzweni.

¹² Ke ngoku ndinawo, ndifuna ukubulela kakhulu kuThixo ngoba bungqina bukaMzalwana Blair. Kwenzekile ukuba abe

uMzalwana noDade Blair bahleli kanye apha kusihlwanje, behleli kanye apha phambi kwethu, yena lowo wayenalaa nkwenkwana. Yaye ndiyakhumbula xa iNkosi yandixelelayo, xa yayi...UMzalwana Blair, ekhathazeke ngokupheleleyo, elila. Yabe inkwenkwe yakhe iboxozwe ubuso *kanje*, yimoto ebhukuqileyo, yabe ikwimeko embi kakhulu. Kodwa kwathi xa ndandi—ndithandaza, ndambona loo mfo mncinane ephilile. UMzalwana Blair, kakade, wandibuza, wathi, “Mzalwana Branham, ngu-ITSHO INKOSI lo?”

Ndathi, “Mzalwana Blair, Blair, ngu-ITSHO INKOSI.”

¹³ Yaye uMzalwana Blair ulapha ngokuhlwanje. Yaye ngenene sinombulelo ngokubakho kukaMzalwana Blair phakathi kwethu. Yaye ebekhathazwa yi—yintwana yokuba phatshu—phatshu. Kwaye uSathana umnike umgibe omkhulu, apha kungekudala kwithuba elidlulileyo, ukuzama ukuba angandikholelwa. Wathi esenza loo nto uSathana, iNkosi yafika kanye ngoko yayityhila loo nto kuye; yamxelela malunga naloo nto, ukuyinqumlela nje isuke ngaphambi kokuba lifike ixesha loku. Kwaye uMzalwana uBlair uyindoda elungileyo. Yaye ndifuna ukuba nimkhumbule. Ububambeka phakathi kwembono ezimbini malunga namakakwenze. Akazazi nokuba makajike njani na. Yaye ndiyathemba, Mzalwana Blair, ukuba uThixo...Ungumkhonzi omkhulu kaKristu, yaye ininzi into Anayo onokuyenza, kuba izibane ziya zifiphala. Ubukhona ngale ntsasa? Aha. Kulungile, ilunge kakhulu loo nto.

¹⁴ Ngoku—ngoku, ndiyaqonda, kwityeli elilandelayo ndikubona, mhlawumbi eNtwasahlobo, kancinane. Yaye ngeloo thuba, mhlawumbi sakube sisazi ukuba sizakuziqhuba na ii—iinkonzo, okanye hayi, apha eJeffersonville, Ngeloo thuba ndimelwe kukuba ndibe sendiyile eNorway nakumazwe aseScandinavia. Ngoku kanye phambi kokuba sithabathe umxholo...

¹⁵ Kakade, sinomgca wokuthandazela ozayo, yaye baninzi abemi ngenyawo, emagumbini, nabajikeleze iindonga, njalo njalo, kwaye ndiyazi, nina, kunzima kakhulu kuni. Nam ndiye ndema, amaxesha amaninzi, oku kwam. Yaye bendidlule ngapha, kumzuzwana odlulileyo, ndithoba inkosikazi, ndaqaphela abantu bengqonge iminyango. Ndaze ndacinga, “Ngubani othi iVangeli Ayiseyeyonanto inomtsalane ikhoyo ehlabathini?” Ngokuqinisekileyo iyiyo. Iyiyo, Itsala abo banomdla kuYo. Abo bangenamdla, kakade, ayibatsali. Bona, Ayinakuba namtsalane kubo. Kodwa, uYesu, “Ukuba Mna,” watsho, “ukuba ndithe Ndaphakanyiswa emhlabeni, Ndiyakubatsalela kuM bonke abantu.” Yenjani inyaniso leyo!

¹⁶ Ndakufika apha ke, ibaninzi kangako into endimelwe kukuyithetha, yaye kufuneka ndibe buyibhala phantsi into

endiza kuyithetha apha, okwethutyana. Kungenjalo ndi... Ininzi kakhulu endimelwe kukuyithetha, usuke uyilibale into oza kuyithetha.

¹⁷ Ngoku, ndiyaqonda ukuba utata kaMzalwana Ungren ubhaptiziwe ngale ntsasa, eGameni likaYesu Kristu. Ke ukuba uDade Ungren nabanye bakhona apha, kuba ibingumthandazo wabo othe rhoqo lowo iminyaka emininzi. Yaye Mzalwana Ungren, naphi na apho ukhoyo, uThixo akusikelele ngokukhulu, mzalwana wam.

¹⁸ Yaye ukuba asiyonto iyinyani leyo, uThixo makandenze ndiphendule ukuba ngoMhla woMgwebo. Yabona? Ndiyazi ukuba yinto eyinyaniso. Ndi—ndim oyakuthwala ityala ngaloo nto. Yinyaniso ngokuchanekileyo leyo, ngokuba iyiNyaniso.

Uthi, “Ingaba inomahluko ewenzayo?”

¹⁹ Yawenza kuPawulos. Waze wabuza ukuba babebhaptizwe njani na. Bathi babesele bebhaptiziwe nguYohane, laa ndoda yabhaptiza uYesu. UPawulos wathi babenyanzelekile ukuba beze baphindwe ukubhaptizwa, kwakhona, eGameni lika “Yesu Kristu.” Yaye akukho nomntu omnye eBhayibhileni owakhe wabhaptizelwa eGameni lo”Yise, Nyana, noMoya oyiNgcwele.”

²⁰ Akukho bantu bakhe babhaptizwa njalo yade yakukwenziwa kombutho libandla lobuKatolika eLao... Lao-Nicaea, ibhunga iLao-Nicene eLao-Nicaea, eRoma. Kulapho apho wakhe wabhaptizwa umntu wokuqala, kusetyenziswa izihlonipho.

²¹ Omnye umfo wathi kum ngenye imini. Ndathi, “Kulungile, ukuba... I’Nkosi uYesu,’ liGama laKhe elo.” Wathi... “Ke,” ndathi, “ukuba umfo uza kuwe...”

Wathi, “Andiqondi ukuba inomahluko ewenzayo loo nto.”

²² Ndambamba kanye ngemfundiso yakhe. Ndathi, “Ukuba indoda ize kuwe yathi, ‘Ndibhaptizwe eGameni loMfiyo waseSharon, iNyibiba yaseZihlanjeni, neKhwezi loKusa,’ ungathi ‘amen’ kuloo nto?”

Wathi, “Hayi, mhlekazi.”

Ndathi, “Ungathini... Ungayiphinda uyibhaptize?”

Wathi, “Ewe, mhlekazi.”

Ndathi, “Ungambhaptiza njani wena?”

Wathi, “Ndingambhaptizela eGameni lo’Yise, Nyana, Moya oyiNgcwele.”

²³ Ndaze ndathi, “nantso indlela endinokumbhaptiza ngayo, ewe, eGameni loYise, Nyana, Moya oyiNgcwele.” Ndathi, “Ngoku, u’Mfiyo waseSharon, iNyibiba yaseZihlanjeni, iKhwezi loKusa’ ayilogama.”

Wathi, “Injalo loo nto. Sisihlonipho eso.”

²⁴ Ndathi, “Ngokunjalo u‘Yise, Nyana, Moya oyiNgcwele.’ Ngoku ndingambhaptizela eGameni loYise, Nyana, Moya oyiNgcwele; kwaye iGama loYise, Nyana, Moya oyiNgcwele yi‘Nkosi uYesu Kristu.’ Ngokuchanekileyo. Ngoko ndithi. . .” Waze wayibona.

²⁵ YayinguMzalwana uJoseph Mattsson-Boze, waseChicago, oyena mfo kwakhe kwalukhuni ukugqobhozela kuye, ngaloo nto. Yaye ndiyaqonda ukuba ndinamalunga namathathu okanye amane amawaka abantu beloo zwe endizakuba bhaptiza ngoku, ndakufika ngaphaya e-Afrika kunye naye, bezakuphindwa ukubhaptizwa kwakhona.

²⁶ Ngoko, sinombulelo ngenxa yokuKhanya kweVangeli. Ke ngoko ngoku, uYesu wathi, xa Wayelapha emhlabeni, “Mna, oko Ndikuvayo, koko Ndikuthethayo.” Ke ngoku ndizakuthi. . .okwale yethu ilandelayo, malunga neshumi lemizuzu, okanye ishumi elinesihlanu, nje phambi kokuba ndithabathe itekisi, ingumxholo omfutshane ke, size ke sibe nomgca wokuthandazela. Ndifikelele kwindawo kulungiselelo lwam, apho ndi. . .Ndimelwe kuku—kukuthetha into ethile. Ndaye mna. . .

²⁷ UYesu wayithetha loo nto. Ukuba oko Wakuvayo, koko Wakuthethayo. Waze Wathi, “Ndinibize ngokuba ningabahlobo baM, yaye umhlobo ubaxelela yonke into abahlobo bakhe.”

²⁸ UPawulos wathi, kwiZenzo 20:27, “Andikucezelanga ukunityela lonke iCebo likaThixo.” Yabona?

²⁹ Yaye ndinganga ngenelela ngokuhlwanje, ndithethe kwaloo nto kunye naloo mkhonzi wakudala. Ngokona kucokisekileyo ukwazi kwam, andenzanga njalo. . .Andikucezelanga, koko ndinixelele iCebo elipheleleyo likaThixo.

³⁰ Umntu othile wayedlala amakhasethi, ngenye imini. Kwaze kwathi nje ngenxa yokuba yamcaphukisayo umntu othile loo nto, badubula kwaphumela efestileni, benzakalisa loo mfazi.

³¹ Ngoko mhlawumbi ngenye imini ndiyakubutywina ubungqina bam. Kodwa lakufika eloo xesha li. . .ndikulungele ukuhamba. Kude kufike ixesha lam, akukho nto iyakundenzakalisa kude kube lelo xesha. Yabona?

³² Ngoku, sikholwa kwakuloo Vangeli inye, kanye ngaloo ndlela ibhalwe ngayo iBhayibhile. Ijoliswe ngokuthe ngqo. Kwaye—Kwaye ukuba umpu ujoliswe ngokuthe ngqo ngokuchanekileyo, ube ungqamene; ukuba uthe walibetha ixhoba ngetyeli lokuqala, uyakulibetha nangelesibini, nangalo lonke ixesha.

³³ Ukuba umthi, kungenjalo isebe, umdiliya, uthe wavelisa isebe, lize eloo sebe lithwale isiqhamo esithile; kwixesha elilandelayo u—umdiliya uvelisa isebe, liyakuthwala kwa olo hlobo lunye lwesiqhamo.

³⁴ Ukuba uYesu unguMdiliya, sibe thina singamasebe; libe iSebe lokuqala, iBandla, owathi loo Mdiliya walivelisa, babhala iNcwadi yeZenzo ngalo. Yaye elaa Sebe lokuqala labhaptizela eGameni likaYesu Kristu. Yaye babenoThixo ophilayo phakathi kwabo, owenza kwa ezo zinto phakathi kwabo wazenzayo Yena xa Wayephezu komhlaba. Ngoko ke, abantu babaqaphela, nakubeni babengabantu abangazinto abangafundanga, ukuba babenoYesu, ngokuba uBomi baKhe babuphuma kubo.

³⁵ Njengokuba benditshilo, ukuba bendinomoya ka—kaBeethoven ungaphekathi, bendiya kubhala amaculo. Ukuba uBeet-... ukuba mna... Ukuba uBeethoven ebephila ngaphakathi kwam, bendiyakuba nguBeethoven. Yabona?

³⁶ Ukuba uShakespeare ebephila ngaphakathi kwam, bendiyakuba nguShakespeare. Ndi—Ndingabhala imibongo, ne—ne—nemidlalo yeqonga, njalo njalo, ukuba uShakespeare ebephila ngaphakathi kwam.

³⁷ Ukuba uKristu uphila ngaphakathi kwam, yimisebenzi kaKristu endiyakuyenza. Kunjalo. Kunyanzelekile ukuba kube njalo. Yintoni ke uKristu? LiLizwi. Wathi, “Ukuba nithe nahlala kuM, iLizwi laM likuni, oko nikuthandayo nikucela; kuyakwenziwa.” Ngokuba, iLizwi likho, liswele nje ukuKhanya; kwaye ukuKhanya kulenza Liphile.

³⁸ Ngoko ngoku ndizakuthetha into kuni, ngoku, endingazanga ndiyithethe lonke eli thuba. Yaye, leyo, yinto ebesiyilindele kakhulu ixesha elide kakhulu (isithuba seminyaka emininzi ke, iminyaka emine okanye emihlanu, okanye ithuba elingaphezu koko) aMandla ezinga lesiThathu, ngoku angqinelwe, yaye ndiqinisekile ukuba nonke niyawazi ukuba ayintoni na.

³⁹ Ngoku ukhumbule, akuyi kubakho kulinganiswa kuwo, kakade akunakubakho. Yabona, akunakubakho. Ngoku akukho nje ngokupheleleyo. Kwaye ndina... Ndiyaliwe ngale nto, ukuba kwakutshanje... Kanye ngeli xesha langoku asandula kwenzeka, ukuze abonakalise ubukho bawo phakathi kwenu, yabona, kodwa akasayi kusetyenziswa ngendlela enkulu lide eli Bhunga liqalise ukuziqinisa. Lakwenza njalo ke, lakuyenza loo nto... Abenkonzo zikaMoya, njalo njalo, phantse bangalinganisa nantoni na enokwenziwa. Kodwa lakufika eloo xesha, kwakufika ukucudiswa, uyakubona ke ngoko, oko nikubone ngokomzuzwana, kuyakubonakalalisa ngokuzalisekileyo emandleni ako. Yabona? Yabona? Yabona? Yabona?

⁴⁰ Ngoku ndinyanzelekile ukuba ndiqhubele phambili ngokuvangela. Kanye njengokuba ndandiyalelwe, ekuqaleni, ndimelwe kukuqhubela phambili. Ngoko ke, nibe nalo iLizwi, yaye niyazi ukuba yintoni na emaniyilindele, nendlela emanime ngayo. Ndimelwe kukuqhubela phambili ekuvangeleni. Kwaye, bahlobo bam, zolani, niqhubele phambili nje, kuba iyure iyasondela ngokuthe chu, yabona, eyaxa kuyakwenziwa into ethile.

⁴¹ Ngoku, nisenokubona izinto ezithile ezincinane ezingaqhelekanga zisenzeka kum. Ingeyonto isisono; andithethi loo nto. Kodwa, ndithetha, into ethile engaqhelekanga kwinkqubo yesiqhelo. Ngokuba, ndakufikelela kuloo ndawo ngoku, kulungiselelo, ndibuyela apho emva, ndikhangele kweso sithuba ndilindele eloo thuba ukuba ndilisebenzise. Kodwa, liyakusetyenziswa.

⁴² Kwaye wonke umntu uyayazi loo nto, kuba, ngokuqiniseke njengokuba awezinga lokuQala angqinelwayo, ngokunjalo nawelesiBini angqinelwa. Yaye ukuba uyakucingisisa ngenene, nina ke ningabomoya. Njengokuba iBhayibhile ithe, “Oku kokuya kulowo unengqiqo.” ElesiThathu lingqinelwe ngokugqibeleleyo. Yabona? Siyazi ukuba liphi na. Ngoko, aMandla ezinga lesiThathu akhona.

⁴³ Angcwele kangangoko, ngokokude, ndibe andimelwe kuthetha kakhulu ngawo. Njengokuba Wandixelelayo ekuqalekeni, esithi, “La ke, ungathethi nto ngawo.” Niyayikhumbula loo nto, kwiminyaka eyadlulayo? [Ibandla, “Amen.”—Mhl.] Ayazithethela. Yabona? Kodwa, nangoko, ndizamise ukuwacacisa amanye la, ndaza ndenza isiphoso. Le iyakuba yeyonanto, yakuthi, ngokwam ukubona... Andithi yiNkosi endixelela oku. Le iyakuba yinto eyakuqalisa ukholo loXwilo, lokunduluka. Yabona? Yabona? Yaye yona...

⁴⁴ Ndimelwe kukuhlala ndizole okomzuzwana omncinane. Ngoku khumbula, nakwabo baphulaphule ikhasethi, nisenokuyibona inguqu enjalo kulungiselelo lwam khona ngoko, ukubuyela umva, ingekuko ukunyuka; ukubuyela umva. Sikweso sigaba kanye ngoku, yaye akunakwenzeka, alunakubhekela phambili ngaphezu koku. Simelwe kukulinda okomzuzu nje kude kwenzeke lento kweli cala, ihlangane, lize ke lifike ixesha. Kodwa, angqinelwe ngokupheleleyo.

⁴⁵ Kuza ixesha, kwesi sizwe, apho siyakuthi khona esi sizwe sisebenzise lonke igunya ebelinalo irhamncwa elingaphambi kwaso, eliyiRome yobuhedeni xa ithe yayiRome yoophapha, yabona, sesi sizwe esiyakuyenza loo nto.

⁴⁶ ISityhilelo 13 siyicacisa ngokuphandle loo nto. “Imvana yaphuma emhlabeni. Elinye irhamncwa laphuma emanzini,” ingxinano nezihlwele zabantu. Le mvana yavela apho

kwakungekho bantu khona. Imvana imele unqulo. IMvana kaThixo...Yaye, khumbula, lalithetha njengemvana. Laliyimvana.

⁴⁷ Ke ngoko, emva komzuzwana, liyaku...kwamnkela igunya, lathetha njengenamba; laze lenza lonke i—irhamncwa, igunya lerhamncwa ebeliphambi kwalo. Inamba yi “Rome,” njalo. Ngoko awuboni? Ihlelo lobuRoma; “Uphawu,” ihlelo lobuProtestanti; “umfanekiselo werhamncwa,” esenza igunya eliya kunyanzela onke amaProtestanti, ibe yinto ebumanyano. Kuyakunyanzeleka ukuba ube kweli Bhunga leeNkonzo, kungenjalo awuyi kuba nandlela yakufumana ubudlelane. Okanye uku...uku...

⁴⁸ Ke, ku—kuyiloo ndlela ngeliphandle khona ngoku. Awunakuya enkonzweni ushumayeke ngaphandle kokuba ube unekhadi lobudlelane okanye isibonakaliso esithile. Ke ngoku, kubantu abanjengathi, siyakunqunyulelwa ngaphandle kwaloo nto, ngokupheleleyo, injalo kanye loo nto, kuba abasayi kuba nakulwenza.

⁴⁹ Kuyaqina. Ke ngoko lakufika eloo xesha, kufike ingcinezelo ngokokude nicudiselwe ngaphandle, ngoko ke zenikhangele loo nto ndizakunixelesa yona emizuzwini embalwa. Ukhangele aMandla ezinga lesiThathu ngoko, yabona, yaye ayakube esiya kwabalahleke ngokupheleleyo, kodwa ibe—ibe ingawoMtshakazi neBandla.

⁵⁰ Ngoku sisondele kunokuba kukhangeleka. Andazi ukuba kuyakuba nini na, kodwa ngenene, kusondele ngenene. Ndisenokuba ndakha nje isandlalelo somnye umntu othile ukuze eme kuso. Ndisenokuthathwa lingekafiki eloo xesha. Andazi. Yaye eloo xesha lisenokuba kuyo le veki izayo, apho uMoya oyiNgcwele ayakuza ne...ezise uKristu Yesu. Usenokufika kule veki izayo. Usenokufika kanaanjalo ngokuhlwanje. Andazi ukuba Uyakufika nini na. Akasixeleli loo nto.

⁵¹ Kodwa ndiyakholwa, ukuba sisondele kakhulu, ngokokude ndibe andisayi kufa ngenxa yokwaluphala. Ukanti, ndinamashumi mahlanu anesine eminyaka ubudala, andisayi kuze ndife kukwaluphala, engathanga Abelapha. Yabona? Ngaphandle kokuba ndidutyulwe, ndabulawa, okanye into ethile eyenye, ndabulawa ngandlela ithile, ukwaluphala nje kukodwa akusayi kundibulala, engathanga Afike. Yaye ndiyakholwa yiloo nto.

⁵² Yaye ndifuna ukuthetha oku. Andizange ndakuthetha ngaphambili. Kodwa ngokweSibhalo, ngokwento Awayithethayo kumashumi amathathu eminyaka eyadlulayo; kumashumi amathathu eminyaka eyadlulayo phezu komlambo phaya, ngowe-1933, gxebe; oko Wakuthethayo, yonke into ibe yechanekileyo kanye. Ndisenokungayenzi, kodwa lo Myalezo

uyakwazisa ungenise uYesu Kristu kwihlabathi. Kuba, “Njengokuba uYohane umBhaptizi wathunyelwa ukuza kwandulela ukuza kokuqala, ngokunjalo lo Myalezo uyakwandulela uKuza kwesibini.” Njengokuba uYohane wathi, “Nantso iMvana kaThixo ethwala isuse isono sehlabathi.” Yabona? Ngoko, yona, ingqamene naleyo ngendlela yonke. Yaye ndiyazi ukuba iyakuba njalo, uMyalezo uyakuqhubela phambili.

⁵³ Ngoku, kubekho izinto ezinkulu ezenzekileyo endleleni. Ngale ntsasa bendinodliwano-ndlebe oluninzi apha phakathi egumbini. Yaye u—umfo oselula, onegama elingu—Audrey, kucacile ukuba uselapha ngokuhlwanje. UngowaseSan Antonio, eTexas. Ubeze kucela ukuba... xa sisiya eDallas, sibuya eCalifornia; ukuba asinakungena na ubusuku bube bunye kumnquba wabo, okobusuku obunye nje. Yaye balindele, kusuku olulandelayo okanye iintsuku ezimbini, ukuba babone ukuba singayenza na loo nto. Yaye ebendixelela malunga... Andizange ndiye eSan Antonio ukusukela kuloo nkonzo yokuqala.

⁵⁴ Ngoku, yinkonzo yokuqala, ukufika kwam eSan Antonio. Ndandilapho, ndiyacinga, noMzalwana Coot kunye—kunye ne-International Bible School. Ndiyalilibala igama leholo enkulu esasiyibambe kulo inkonzo. Ndiyakholwa mhlawumbi yayibubusuku bokuqala bam okanye obesibini, ndiyacinga ukuba bubusuku bokuqala, xa ndandihamba ndisiya eqongeni, kwakho umntu owaphakamayo esakhiweni apho, emva kakhulu, wathetha ngeelwimi, ngokungathi kudubula u—umpu ongumatshini. Kwathi nje ukuba ahlale phantsi, ngumzuzu omnye okanye emibini, kwaphakama omnye eqongeni wanikezela ngenqaciso.

⁵⁵ Ndaze ndema, ngenxa yaloo nto wayithethayo. Ndathi kuloo ndoda, “Uyayazi le ndoda?”

Yathi, “Hayi, mhlekazi.” Yaze yathi...

Ndathi, “Uze njani apha?”

⁵⁶ Yathi, “Abantu endisebenza kubo, bebe... bebelapha ngokuhlwanje, ngabo abandizise apha.” Ungu... ungumalusi weenkomo.

Ndaze ndathi, “Wenza ntoni Wena?”

⁵⁷ Yathi, “Uyamazi?” Wathi, “Hayi, mhlekazi. Andizange ndimbone.”

⁵⁸ Ndaze ndathi, “Uyintoni wena?” Yabe yona i—ingumrhwebi wasesixekweni.

⁵⁹ Yaye loo nto bayithethayo kwi—kwi... Ngoku, bendihleli ndinjalo, ngaphambi kokuba ndibe nokufunda okuthile, ndandinesikrokrwana malunga nokuthetha ngeelwimi; ndandicinga ukuba kunento eninzi yasenyameni, yaye

kusenokuba njalo. Kodwa xa kwathethwayo oku, laa ngcaciso ngokuchanekileyo yayiyileyo yathethwa yiNgelosi yeNkosi ezantsi emlanjeni, kwishumi elinanye leminyaka ngaphambi koko, “Njengokuba uYohane umBhaptizi wayethunyelelwe ukwandulela ukuza kokuqala kukaKristu, uthunyelelwe ukwandulela okwesibini wena.” Yabona?

⁶⁰ Yayiyiyo leyo ke, xa loo Ngelosi, okwa kuKhanya kwathi kwabonakalaliswa ngokupheleleyo. Kokubini libandla, ngeLizwi, ngenzululwazi, nangayo yonke into, ithe yakuqondakalalisa. Okwa kuKhanya, ngetyeli lokuqala Kuvela esidlangalaleni, kumi kanye phezu kwaloo ndawo ndandikuyo; malunga nentsimbi yesibini emva kwemini, emazantsi kwalaa bhulorho iphaya kanye, apha ezantsi ekupheleni kweSitrato iSpring, emanzini. Ngoku, kwakuyeminzi, iminyaka emininzi eyadlulayo. Yaye ngokuchanekileyo oko Yakuthethayo, kwenzekile, ngokupheleleyo.

⁶¹ Lo mzalwana ulapha ebendixelela, ngale ntsasa. Watshata intombazana ephuma kweli bandla, intombi kaDade Noyes. Andazi, ndiyaqonda ukuba loo mfana... Ukhona, Mzalwana Autry? Andazi. Ebevela eSan Antonio. Andazi nokuba ukhona na okanye hayi. Ebelapha ngale ntsasa. Yaye ebendibalisela. Ndiyakholwa ukuba yayingutata omkhulu wakhe, ngaloo nkonzo, owayenesithuthwane ubomi bakhe bonke, waze weziswa apha.

⁶² Yayilityeli lokuQala elo, ukuqalisa ulungiselelo, xa Yathi yathetha oko, ukucalulwa ke yayikukubekwa kwezandla zabo phezu kwesam, ukuze ke loo nto ithe yathethwa ibe lolo hlobo. Yaye ndanixelela, kwaye baninzi abangamangqina ngokuhlwanje, ukuba kuyakufikelela ekubeni ndazi nkqu imfihlelo yentliziyo yabo. Niyayikhumbula loo nto, ngaphambi kokuba yenzeke? Malunga nemihlanu okanye iminyaka emithandathu emva koko, yenzeka loo nto; phezulu eCanada, okokuqala kwayo, yaze yenzeka loo nto. Waze Wathi, “Ukuba uthe wahlala ekunyanisekeni, iyakuqhubela phambili nje.” Ke ngoku awesiThathu enzekile, yabona, athe rhoqo ukuqhubela phambili.

⁶³ Uthe ke utata wakhe wangeniswa emgceeni, waxelelwa ngeso sithuthwane, njalo njalo, wenzelwa umthandazo. Ngoko kwakukwiminyaka elishumi elinesithandathu eyadlulayo, ndiyacinga ukuba yiyo, malunga neshumi elinesithandathu okanye ishumi elinesixhenxe eyadlulayo. Yaye uthi akazange ahlaselwe siso ukususela ngoko. Usondele kakhulu kumashumi asibhozo anesihlanu eminyaka ubudala, yaye akazange ahlaselwe ukusukela ngoko. Yintoni na? “NguYesu Kristu isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade.”

⁶⁴ Ingaba ukho uMargie Morgan apha endlwini? UDade Margie Morgan, inenekazi elalidliwe laphela ngumhlaza;

umongikazi. Bangaphi abamkhumbulayo uDade Morgan? Ukuba ukho apha, akakwazanga ukungena. Wayeqhuba umsebenzi wokonga. Uyabona, ekuludwe lwabanomhlaza eLouisville, loo mfazi wasweleka kwithuba leshumi elinesithandathu, ishumi elinesixhenxe leminyaka, kuludwe lwabaphethwe ngumhlaza eLouisville.

⁶⁵ Xa uJim Tom Robertson, igqwetha, igqwetha elinguMkristu, lathi leva ngaloo nto, laya kwisiBhedlele samaBhaptizi, ukuya kuqonda ukuba kwakunjalo na, kuba utata wakhe ukweloo bhunga, labasayinayo kwisibhedlele samaBhaptizi. Baze basijonga esoo sigulo, wabe loo mfazi emelwe kukuba wafa, kwiminyaka eyadlulayo. Kwaye uqhuba umsebenzi wokonga apha eJeffersonville, esibhedlele. Xa wayemi kanye apha, xa kwakunyanzelekile ukuba bambambe eme, engekho nakwingqondo eyeyakhe. Kodwa yayingu-ITSHO INKOSI, kwaye usaphila. Waphindela ekongeni, eLouisville.

⁶⁶ Kwaye kwakukho umfo apha ezantsi, kwindawo yakwa-Schimpff's Candy. Ingaba uMnumzana Schimpff ulapha ngokuhlwanje? Ndingathanda ukuba ibe nguye oyibalisayo, ukuba ukhona apha. USonny Schimpff, indoda enkulu esempilweni. Ngamaxesha amaninzi ndandidla ngoku. . .

⁶⁷ Andikuthandi ukuyithetha lento, kodwa iyinyaniso. UPop wayedla ngokundinika i-dime ukuba ndisebenze iveki yonke, ndize ke ndize edolophini ndimise ibhayisekile yam ngakwindawo kaMzalwana uMike Egan, omnye wabasayinela izimali apha. Kunye noJimmy Poole, ndiyacinga ukuba unyana wakhe ulapha ngokuhlwanje; uJim kunye nam, no-Earnest Fischer, sasiye sihle singene edolophini, siye kungena kumboniso webhanya-bhanya nge-nickel, yaye sasidla ngokubukela imifanekiso yakudala emileyo. Sasingabantwana, yaye sasifuna ukwenza loo nto, simalunga nesibhozo, okanye iminyaka elishumi ubudala. Sasinalaa William S. Hart. Abaninzi bafo abasamkhumbuli, umdlali weqonga wakudala. Imifanekiso emileyo; yaye ndandingakwazi kufunda. Ndandinyanzeleka ukuba ndenze oko kwakuqhubeka. Yayimelwe ke kukuba izecacise, ndandingakwazi ukuyihlanganisa ke, kodwa ndandiye ndibukele oko wayekwenza.

⁶⁸ Ndandiye ke ndibe ne-nickel eshiyekayo. Bangaphi abakhumbulayo ukuba wawuyifumana i-ice cream cone yepenny? Kulungile. Ndandizifumana zibe ntathu ii-ice cream cone, ne-red hots zeepenny ezimbini. Ndandingakwazi ukuzibamba ii-ice cream cone, ngoko ndandizidla zona. Ndize ndizifunele iilekese ired hots zeepenny ezimbini, zazisondelela kwisiqingatha seponi ubunzima ezoo zinto. Yaye zazisenziwa ngabakwaSchimpff. Yaye ndandingena apha, ndihlale phaya emva ndibukele uWilliam S. Hart.

⁶⁹ Lo mfana ke, emdalana kunam, wehliwa sisifo, abathi oogqirha abahlanu baseLouisville bamdlula, enobunzima obumalunga namashumi amane anesihlanu eeponti, wabe esifa. NguNkosikazi Morgan owayemonga. Ekwimeko embi olo hlobo! Wayenezinto ezininzi kakhulu; imiphunga yakhe yayiphelile, umqala wakhe unikezele. Iingalwana zakhe zazimalunga *kangaka* ubukhulu, wayelele apho ke, esifa.

⁷⁰ Kwaye uNkosikazi Morgan waqeshwa ukuba angene kuloo msebenzi. Waze wathi kuye, “Ndandike ndasisigulana somhlaza,” waqalisa ukumbalisela.

⁷¹ Wathi, “Ubusithi ngubani, uBilly Branham? Kuba,” wathi, “Ndamthengisela into eninzi yeelekese iired hots necones ze-ice-cream.” Wathi, “Ingaba angeza andithandazele?” Ndaze ndawela ndaya kuthandazela uJunie Schimpff.

⁷² Ke ngoku ukuba ungathanda ukuthetha naye, kukwaSchimpff’s Candy apha ezantsi, kanye ecaleni, okanye kumnyango olandelayo ukusuka kwiTheatre LeRose, xa usihla ngesitrato. ISchimpff Candy, nonke apha niyazi ukuba kuphi na apho. Bethu, yenye yezona ndawo zindala eJeffersonville.

⁷³ Wathi elele apho, esifa, oogqirha babucala abahlanu bemnika iiyure ezimbalwa nje anokuziphila. Yaba ngu-ITSHO INKOSI, “Awusayi kufa; koko uyakundithengisela iired hots iilekese kwakhona, phezu kwetafile yevenkile.” Lide . . .

⁷⁴ Bendisazi ukuba waphila, kodwa sele ndayilibalayo loo nto. Iyinkosikazi kunye nam sehla ukuya kuthenga iilekese, ekufikeni kwethu apha ngexesha leKrisimesi. Ukuba bekutheni na, andazi, kwenzeka sacinga ngabakwaSchimpff. Kakade, esiqhelweni, siye sijikele ngapha kwivenkile yamachiza sizifumane, kodwa siye sema phambi kwakwaSchimpff.

⁷⁵ Ndathi ndakungena, udade wabo wajonga, waze wathi, “Kwalunga, Mzalwana Branham.” Wathi, “Uyamkhumbula uJunie?”

⁷⁶ Ndathi, “Ewe.” Wabe elapho, emkhulu kakhulu, omelele, umfo okhangeleka esempilweni.

⁷⁷ Ndahamba ndajikela ngaphaya kwekhawuntala, ndakhangela, ndakhangela *kanje*. Ndathi, “Ndizakuthatha iponti yezoored hots.”

⁷⁸ Waze wathi, “Ewe, mhlekazi.” Ngoko, udade wabo wayelindele inkosikazi yam. Kwaye, ngoko, wazikhupha.

⁷⁹ Ndaze ndathi, “Ndandidla ngokuzitya, kudala kakhulu, ngaphaya kumboniso wemifanekiso”; ndiyijongise phantsi intloko yam njalo.

Waze wathi, “Ewe,” wathi, “Baninzi abantwana abazithengayo.” “Basazithenga,” ndatsho.

Wathi, “Ngutata owazenzayo, owenza loo mxube.” Ndathi, “Ndiyazithanda kanene.”

⁸⁰ Ngoku, emva kokuba wazilungisayo zonke wazinikela kum, wathi, “Ingaba ikho enye into?”

Ndaze ndathi, “Andazi,” ndaze ndaphakamisa intloko. Owu, bethu!

Wathi, “Mzalwana Branham!”

⁸¹ Ndathi, “Nazi ezaa red hots, zona, ndakuxelelayo, ndathi, ‘TSHO INKOSI,’ malunga neminyaka emihlanu eyadlulayo.”

⁸² Wathi, “Mzalwana Branham, ndiphiliswe ngokupheleleyo kakhulu, akukho nokuchaphazeleka okunye. Kunzima nje kancinane ukuva kwindlebe enye.” Ndiyakholwa ukuba ukumashumi amahlanu. Wathi, “Kunzima nje kancinane ukuva ngenye indlebe, kuba bandinika amachiza okunqanda ukonakala kwezihlunu ngokuya ndandiphaya.” Ubabalo olumangalisayo lukaYesu Kristu!

⁸³ Ngoku andisenaxesha lininzi ngoku lokuthetha enye into, kodwa ndi—ndi—ndifuna ukwenza le ngxelo.

⁸⁴ Bangaphi abakhumbulayo malunga noonomatse abahlala emithini? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Kulungile. Yaba siSibhalo esididayo eso, ebomini bam, e—endandingazange ndibe nakuyiqonda loo nto.

⁸⁵ Kwakukho nesinye esasindidida, eso kwakuxa uMoses wayenokuxelela uThixo indlela engcono kunokuba wayeyazi uThixo yokwenza into, xa uMoses wathi, “Abantu bathi, ‘UThixo wakho ubenako ukusikhupha, kodwa akanako ukukgcina,’” waze uMoses waziphosa kweso sikhewu siphakathi. Ndaze emva koko ndayifumanisa loo nto, uMoses, yayinguKristu lowo engaphakathi kuMoses, emele abantu. Yabona?

⁸⁶ Ngoko ke kwesi iSibhalo, ndingazange ndishumayeke ngaso, “Ukuba uthe kule ntaba, ‘Funquleka.’” Niyalazi ke elo bali, ngoko ndizakuliqakatha. Ngoku, ndandingazinto ke ukuba oko kukhokelela enini na. Yaye ndiyacinga ukuba uMzalwana Woods noMzalwana Fred, nabanye, bakhona kule ndlu, ababekho ekwenzekeni kwaloo nto, kungenjalo kanye emva kokuba yenzekile apho.

⁸⁷ NoMzalwana uRodney noMzalwana Charlie, abavela ezantsi eKentucky, nomntakobo Dade Wood nabanye ababekho ekwenzekeni kwaloo nto ezantsi eKentucky, eyayilityeli lesibini isenzeka. Ukuthetha nje okulula into ibekho, izinto ezazingekho. Yabona? Ukuthetha, lonke ixesha, nokusekela ngeZibhalo, ukukhuthaza.

⁸⁸ Ityeli lesithathu ivela yayinguHattie Wright. Ingaba uHattie ukhona ngokuhlwanje? Ngoka-Edith...Bangaphi

abamaziyo uHattie Wright? UMzalwana Woods nam sasihleli apho ekwenzekeni kwayo, xa uMoya oyiNgcwele wathi, “Mnike oko akufunayo,” yaye sasithetha malunga naloo nto, indlela abathi ngayo bakho aboo nomatse bengaveli ndawo.

⁸⁹ Ndaze ndathi, “Yiyo, inye into ekuyiyo, Yena unguJehovah-Jireh. Kanye ngethuba awayeswele ngalo imvu eliduna u-Abraham, uThixo wambonelela ngaloo mvu iliduna. Yaye nguYe obonelele ngoonomatse basemithini. Unako ukuthetha unomatse abekhona nje, ngokuba Ungumdali, kanye ngendlela enye nale yokuba Wayenokuthetha imvu ibekho. U-Abraham akazange ayicele. Wayeza kuyenza nje ngokulula loo nto, kodwa oko kwabonisa ukuba uJehovah-Jireh wayekho apho.”

⁹⁰ Ndathi ndakutsho, umfazi omncinane othobekileyo... Kwityeli lokuqala kwakhe kwenzeka oku, aMandla ezinga lesiThathu, phambi komntu, yayingomncinane, umfazi othobekileyo.

⁹¹ Yena, owayesebenzela malunga namakhulu amabini eedollar ngonyaka, ekuphileni kwakhe, yayiyiloo nto kuphela ayifumanayo kwifama yakhe encinane. Umyeni wakhe wayeswelekile; enabantwana ababini abathanda ukujika babezindlobongela. Waze weza wanikela ngamashumi amabini eedollar kuyo, ekwakhweni kwalo Mnquba. Wabe uMeda endinike imali ngaloo ntsasa ukuthenga ezidliwayo zasendlwini, amashumi amabini eedollar, ndandizakuyibuyisela kuye ke ngaloo ntsasa, xa ndandilapho ezantsi, ukuze abenako ukuyihlawula. Kodwa wayengavumi ukuyithabatha. Kwaze kwathi. . .

⁹² Wayehleli phaya emva ekoneni, ndaze ndathi ndakuthi, “Inye into endiyaziyo, kukuthi, Yena usenguJehovah-Jireh.”

⁹³ Waze uHattie omncinane wathetha ilizwi elililo. Wathi, “YiNyaniso yodwa leyo.”

⁹⁴ Wathi akutsho, uMzalwana Banks Woods lo ngomnye owayekho, lavakala ngokungathi lahluka ngaphakathi eloo gumbi. Waze wathi uMoya oyiNgcwele, kwa eloo Zwi lathethayo malunga noonomatse, wathi, “Mnike oko akucelayo.”

⁹⁵ Ndaze ndathi, “Dade Hattie, njengengqina phambi koThixo, yiyo le. Ngoku, ukuba kukho ukuthandabuza okuthile engqondweni yakho, ungacela loo nto ufuna ukuyicela, yaye ukuba ayibekwanga phezu kwakho, ngoko ndingumprofeti wobuxoki.”

⁹⁶ Wathi, “Mzalwana Branham.” Wonke umntu wayelila. Wathi, “Ndizakucela ntoni?”

⁹⁷ Ndathi, “Ulihlwempu, yaye uhlala phezu kwenduli ngaphaya, ungenamali; usenokucela loo nto. Unomncinane,

udade wenu osisilima ohleli apha, u-Edith, ebesimthandazela, iminyaka emininzi; usenokucela impiliso yakhe.” Ndathi, “Utata nomama wakho badala baphukile ngokwasempilweni; usenokucelela bona. Nokuba yintoni na oyicelayo, Dade Hattie, ubone ngoku ukuba iyenzeka na okanye hayi, khona ngoku.” Ndaze ndathi, “Usandula kundixelela, eloo Zwi linye, wathi, ‘Mnike oko akucelayo.’”

⁹⁸ Waze wabheka-bheka, wathi, “Ndizakuthini, Mzalwana Branham?”

⁹⁹ Ndathi, “Thetha loo nto uyiyo umnqweno wakho. Cinga ngowona mnqweno uphambili, uwuthethe.”

¹⁰⁰ Amakhwenkwe akhe ke ayegigitheka ehleka nokuhleka. Waze wathi, “Owona mnqweno wam mkhulu ndinawo kukusindiswa koonyana bam ababini.”

¹⁰¹ Ndathi, “Ndikunika bona eGameni likaYesu Kristu,” nabo ke besiya.

¹⁰² Yaye behleli bethembekile kweli bandla, emthendelekweni, abo bafo bancinane behleli apho behlambana iinyawo namadoda, nezinto ezinjalo. Sisonke singamangqina aloo nto.

¹⁰³ Wazikhethela eyona nto ixabisekileyo. Umama unyanzelekile ukuba afe, ngokunjalo naye, bebonke. Kodwa into azelelayo iyakuba nguNaphakade, yaye lusindiso lwabantwana bakhe. Yayikokwesithathu isenzeka loo nto.

¹⁰⁴ Okwesine isenzeka, bendisandula kukucacisa apha kwityeli lokugqibela ndilapha, kwakuphezu kwentaba apho kwakuvuthuza khona esaa sitshingitshane seliqhwa. Bangaphi abayikhumbulayo loo nto? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Oo, nini nonke. Kulungile. Apho kwakuvuthuza khona isitshingitshane seliqhwa. UThixo nguMgwebi wam ke ndimi apha, ndandisihla entabeni xa . . .

¹⁰⁵ UDavid Wood, ukho apha ndaweni ithile, ndiyaqonda, owandenzela iqebengwana, labe lilelimnandi! Ndiyacinga ukuba wayezama ukulingana nam ngeliya ndandilenzele utata wakhe, kwiminyaka embalwa eyadlulayo. Wayene-bologna, ne—nenyama nayo yonke into ixutyiwe. Ndaze ndafaka ehempeni yam, yabe isina, laze lasuka nje lasisixa esikhulu sentlama.

¹⁰⁶ Ndandisihla intaba ke. Kwakugqutheza isitshingitshane, ndandingaboni nesandla sam phambi kwam, kunzima. Yaye ndiyazi, inye into, ukuba ukhe wajika, kuba laa moya uyavuthuza.

Ngoku akho amangqina apha, kuloo nto.

¹⁰⁷ Omnye wawo ngomnye wamadikoni ethu athembekileyo, onguMzalwana Wheeler. Ukhona, Mzalwana Wheeler? Uphi apho akhoyo? Ewe, nguye lo, uMzalwana Wheeler.

108 UMzalwana Mann, umshumayeli womWisile waseNew Albany. Ingaba yena, uMzalwana Mann, ukho ngokuhlwanje? Andazi nokuba ukhona na okanye hayi.

109 UMzalwana Banks Woods. Ingaba ukho, Mzalwana Banks? Uphaya kwigumbi lokushicilela. Kulungile. No—NoDavid Woods.

110 Yaye uMzalwana Evans wayekho, ndiyakholwa. Ingaba kunjalo, Mzalwana Evans? UMzalwana Evans, lo wayame ngodonga, wayekho.

111 Nendlela abathi ngayo basasaza kwiintsuku, kwiintsuku ezimbini phambi koko, “Isitshingitshane seliqhwa esinamandla sasilitshayela ilizwe.”

112 UMzalwana Tom Simpson ulapha ngokuhlwanje. Awathi esihla ephuma eCanada, bamcela ukuba ayiphephe loo ndawo ngenxa yokuba wayengayi kuba nakuphuma, “Kwakuza kufika iliqhwa lesitshingitshane.” Mzalwana Tom, ingaba ukhona? Uphi? Nanku, ehleli kanye apha.

Nango ke amafu enyuka. Ndaze ndathi, “Bazalwana . . .”

113 Wonke umntu wangxama waphuma. Kwakungekho mntu apho ngaphandle, kwikhulu elinento lamadoda awayelapho phandle, kwakungasekho mntu ulapho ngaphandle kweqelana lethu nabalusi beenkomi, abakhwela amahashe. Kwaye sasiza kuhlala.

114 Ndatsalela umnxeba uDade Evans, ndamcela ukuba atsalele inkosikazi ayixelele ukuba ixelele uTony, “Ukuba ukuba andibanga nakuphuma, aze afune omnye umntu onokubamba isidlo sakusasa saMadoda angooSomashishini.”

115 Yaye phezulu entabeni ngaloo—ngaloo mini, ndathi, “Ngoku xa yona, imvula encinane nje yokuqala, okanye nantoni na, balekela enkampini.” Ndathi, “Kwelishumi okanye imizuzu elishumi elinesihlanu awunako nokubona izandla zakho phambi kwakho, kwesinye sezo zitshingitshane zoqhwithelo, yaye sigalela amashumi amabini eenyawo zekhephu ngomzuzwana nje, phezu kwentaba.”

116 Yiloo ndlela ke abathi ngayo abantu, nakhe nayifunda ephepheni, indlela abaye bathi ngayo phaya ngaphandle batshabalale, nayo yonke into. Kodwa sasiyazi thina indlela yokuphuma, yaye kwakusaziwa ukuba sasindawoni na, ngoko ke saziva sikhokeleleka ekubeni sihlale.

117 Ke apho phezulu entabeni, sakuqalisa esoo sitshingitshane, ndaqalisa ukhula. Ndandimalunga nesiqingatha semayile ukusuka apho ndandiqale khona, laze iZwi likaThixo lathi, “Jika ubuyele emva.”

118 Ndaze ndabuyela emva njengoko Wandixelelayo, emva kokulinda umzuzwana ndisidla eloo qebengwana uDavid wayendiphe lona, ndaze ndabuyela phezulu ndahlala phantsi.

119 Ndathi ndisahleli apho, loo moya ujikeleza uvuthuza, iincopho zemithi zigobele ecaleni, kubhabha intshizane nekhephu kanjeya, iZwi lathi, “NdinguThixo wendalo.”

120 Ndaxhangela phezulu ndacinga, “Iphi loo nto? Yayingumoya lowo, mhlawumbi.”

121 Wathi, “Ndadala amazulu nomhlaba. Ndayizolisa imimoya enamandla phezu kweelwandle,” waqhubela phambili ethetha.

Ndaxhuma ndema ngeenyawo ndathula umnqwazi wam.

122 Waze Wathi, “Thetha nje nesoo sitshingitshane seliqhwa, saye siyakupheza. Nantoni na oyithethileyo, kuyakwenzeka yona.”

123 Ndaze ndathi, “Sitshingitshane soqhwithelo, pheza wena. Ukuze, langa, wena ukhanye ngokuqhelekileyo iintsuku zibene, side siphume simnke apha.”

124 Kwathi nje ukuba ndithethe loo nto, loo ntshizane, ikhephu nayo yonke into yema. Ngomzuzwana kungenjalo emibini, ilanga elishushu lalihlabe emqolo kum. Ndayibona imimoya ivuthuza *ngolu hlobo* iphuma eMantla, isihla... Ndithetha ukusuka eMpuma, isihla ivela ngaseMpuma. Yayivela ngaseNtshona; imimoya yaguquka yabuyela ngasemva *kweli* cala. Aze amafu, ngokwento ethile yommangaliso, enyuka engena emoyeni, ilanga lalikhanya kwimizuzu embalwa.

125 Emva koko iNkosi uYesu yathetha nam emva koko kancinane, malunga nenkosikazi yam eyayiphaya ezantsi, njengoko nisazi, malunga nendawo endandinyuke ndaya kuyo apho. Andikxange ndibe sekhaya ngemini yesikhumbuzo, kwaye simalunga namashumi amabini anesibini eminyaka sitshatile. Kwisikhumbuzo sokuqala, okokuqala, umtshato wethu, kuba, ndayithabatha ndaya kuhambo lokuya kuzingela. Kakade, ndandingenako ukuphumelela ekuthabatheni uhambo lokuya kuzingela, ndaze—ndaze—ndaze ndaya kwiholide yasemva komtshato, kananjalo, ngoko nda—ndaba buzidibanisa. Yaye ke, ngoko, ndihleli ndizingela ukusukela ngoko. Yaye ndeva kungathi yindlela endiyenzele ububele ngayo leyo.

Ngoku, yayilityeli lesithathu kusenzeka oko.

126 Ngoku nantsi into e—endifuna ukuyithetha, yaye ndimelwe kukuxela inyaniso ngokuchanekileyo. Malunga neshumi elinesithandathu leminyaka eyadlulayo ndandiseCalifornia noMzalwana uJohn Sharrit, yaye ndandiqhuba inkonzo. UMeda kunye nam, noMzalwana Sharrit noDade Sharrit, nabanye, sasihlala kwihotele ethile. Indoda ebizwa ngokuba nguPaul Melkian, ebimi kanye apha kulo Mnquba amaxesha amaninzi; ngum-Armenia osisityebi. Inkosikazi yayo yafumanela umntwana phezulu eFresno, eCalifornia, apho

babehlala khona; yayilapho ezantsi ke, yezisa inkosikazi yayo, yandibiza apho ehotele, yathi, “Ndingayinyusa ndize nayo inkosikazi yam, Mzalwana Branham?”

Ndathi, “Ewe, ungenza njalo.” Ngosuku olulandelayo, ndandisiya eCatalina.

¹²⁷ Ngoko yeza nenkosikazi yayo yayinyusa, yaye eloo nenekazana laligula kakhulu! Lakhangela ke . . . Ndathi, “Beka isandla phezu kwesam, Dade Melkian,” ndathi, “sibone ukuba iNkosi iyakusixelela na.” Kwathi nje ukuba ibeke isandla sayo phezu kwesam, ndathi, “Oo, ngumlenze odumbileyo.”

Wathi, “Akubonakali ndineempawu konke.”

¹²⁸ Ndathi, “Uze ukhangele.” Ngeentsuku ezimbini, babemnyangela ukudumba komlenze.”

¹²⁹ NjengoJimmy Poole omncinane lo, usana lwakhe oluncinane. Ngenye imini wangena enokuhlaselwa yintliziyo, babecinga ukuba kuko, yabe iyimeko yokuhlasela kwesifuba. Ndabeka isandla sam kwesakhe. Ndathi, “Mjongeni iintsuku ezimbalwa; unemasisi. Iyenyuka. Ngumkhuhlane.” Ndihlangene naye phezolo. Uthi ivelile, kuyo yonke indawo, yimasisi. Yabona?

¹³⁰ Ngoku, ndandithetha noDade Melkian, ngesandla. Wathi, “Yinto emangalisayo leyo, ukukhangela kuloo nto, Mzalwana Branham.” Wathi, “Isebenza kuso sonke isandla loo nto?”

¹³¹ Ndathi, “Kokulungileyo, ukuba kukho into engalunganga kumguli.” Ndathi, “Ngoku apha, ndizakubeka isandla sam ngaphezulu,” abaninzi benu bakhe bema bayijonga, yabe ingasebenzi. Ndathi, “Apha, akukho nto imbi kwinkosikazi yam, beka isandla sayo . . .”

¹³² “Khangela apha, sthandwa, beka isandla sakho kwesam.” Ihleli phaya, inkosikazi yam. Yabeka isandla sayo phezu kwesam. Kwathi nje ukuba yenze njalo, ndathi, “Unegqithi kwicala lasekunxele lesibekeko. Unayo ingxaki yobufazi.”

Waze wathi, “Akukho nto yahlukileyo ndiyivayo.”

¹³³ Ndathi, “Kodwa unayo.” UBecky wayeneminyaka emibini ubudala. Intombi yam le ibisandula ukukhalisa umculo, emzuzwini odlulileyo, yayineminyaka emibini ubudala.

¹³⁴ Kwiminyaka emibini engaphezu kwaleyo, kwathi gqi uSarah, kwaze kwathi . . . Yena ke wafunyanwa ngoqhaqho. Ndaze ndacela uGqirha Dillman, ugqirha wethu ophaya ezantsi e—eCorydon, ukuze, “Xa uthe wamvula, uze ujonge kwela cala lasekunxele lesibekeko,” waze wenza njalo.

Wathi, “Akukho nto ingalunganga, ndiyibonileyo.” Ndabeka isandla sam; yabe isekho.

¹³⁵ Kwiminyaka emine emva koko kwavela uJoseph. Ndamcela ukuba akhangele kwakhona. “Kwabe kungekho nto ingalunganga, njengoko ndabonayo.” Ndabeka isandla sam; yabe isekho. Ngoko sasuka nje sayilibala loo nto.

¹³⁶ Ngoku le yinto endinyanzelekileyo ukuba ndiyithethe. Andikuthandi ukuyithetha, kodwa imelwe nje ukuba yenze inyaniso, yabona, yaye yiloo nto eniswele yona. Xela inyaniso njalo, kungabi namsebenzi nokuba kwenzeka ntoni na.

Kwadlula iminyaka, asizanga siyiqaphele loo nto.

¹³⁷ Yaye lento ndiyithetha, hayi ngenxa yokuba ehleli phaya, kuba ndiyayithetha naxa angekhoyo. Yaye niyayazi loo nto. Andikholwa ukuba ibinokubakho inkosikazi engcono ehlabathini kunenkosikazi yam, yaye ndiyathemba ukuba iyakuhlala ilelo hlobo. Yaye ndifuna ukuba ngumyeni othembekileyo, yaye ndiyathemba ukuba bonke abafana abakulendlu, bakutshata, bayakufumana inkosikazi efana nenkosikazi yam. Andazi ukuba iyakuba lixesha elide kangakanani na sihleli ngolo hlobo, kodwa ndiyathemba ukuba iyakuba zizo zonke iintsuku zethu emhlabeni. Sibe ngabonwabe kakhulu sikunye. UThixo nguye owandixelela ukuba nditshate yona.

¹³⁸ Ngeloo xesha, yona ingazi, ndandizama ukuba ndingatshati yona; hayi ngenxa ndandingayithandi, kodwa ngenxa yokuba ndandingacingi ukuba ndakuba nako ukuyenzela izinto ebomini. Kwaye yayingumfazi olungileyo, ndaye mna ndandingakulungelanga oko.

¹³⁹ Waze waphuma waya kuthandaza, wavula iBhayibhile. Qashela ke...Wathi, "Nkosi, andizange ndiyenze lento ngaphambili, kodwa ndinike iSibhalo esizakundinceda. Ukuba ndimelwe kukumlibala, kunyanzelekile ukuba ndiyilibale loo nto." Yavula iBhayibhile...

¹⁴⁰ Yayiphumele ngaphandle kwishedi encinane ithandaza. Yathi yakuvula iBhayibhile, "NguMalaki 4. Yabonani, Ndiyakuthumela kuni u-Eliya umprofeti ingekafiki i..." Ngoko kwaku—kwakumalunga namashumi amabini anento eminyaka eyadlulayo, ingazinto malunga nolungiselelo lwalo mhla. Kwaye ndandi...kwakungenakuba...

¹⁴¹ Ndandingqengqeqe phantsi phezu komlambo phaya. Waze Wandivusa—ndivusa, ngobunye ubusuku, ndaze ndaMva emi phaya ngasemnyango. Wathi, "Hamba uye kumthatha, umtshato wenu ke uyakuba ngalo-Oktobha uzayo, ngowamashumi amabini anesithathu." Yiloo nto kanye ke endayenzayo. Yaye siye sahlala ngokonwaba. Ngobabalo lukaThixo, asizange sibe nalo nelizwi elinye. Ibe sisithandwa.

¹⁴² Ndangena ngenye imini. Yaye bekunyanzelekile ukuba ikhulise aba bantwana iyodwa; mna ndimnkile ndisekushumayeleni. Ababaninzanga abafazi abanokumelana naloo nto; niyayazi loo nto, bangangqashalala. Ndaze ndangena, yaye yayithethe into ethile okanye enye. SasinoJoseph phaya emva, kwaye yena u...Uyinkwenkwe ke ngenene! Yaye uncedisile ukufaka iinwele ezingwevu

kwintloko kamama wakhe, njengokuba nam ndenzile. Wayeyinkwenkwe ke nje ngokupheleleyo, yaye wayenze into embi kakhulu. Ndaze ndathi kuye...Wathi kum, "Bill, msebenze."

Ndathi, "Andiziva ndinako nje ukuyenza loo nto." Yabona?

¹⁴³ Waze wathi, "Ewe, ukuba bekunyanzelekile ukuba uhlale naloo nto," walingomba kanye ebusweni kum ucango.

¹⁴⁴ "Ke," ndacinga, "kulungile ke. Usizana oluncinci belungazimisele kuyenza loo nto."

¹⁴⁵ Ndaphuma nje ndahlamba imoto yam. Ndathi ndakuphumela apho, uMoya oyiNgcwele akazange ayithande loo nto; Wathi, "Hamba uye kumxelela," ndiyakholwa ukuba ikwiziKronike zesiBini, isahluko sama-22. Ndandingazange. Ndacinga, kuqala, ukuba ndiyiqikelela nje loo nto. Ndaqhubela phambili ngokuhlamba waze Wathi, "Hamba uye kumxelela ukuba afunde le ndawo."

¹⁴⁶ Ndaze ndangena ndathabatha iBhayibhile, ndayifunda. Kwakulapho uMo-...okanye uMirriam, umprofetikazi, wathi wahlekisa ngomntakwabo, uMoses, ngenxa yokutshata intombi yomTopiya, waze uThixo akayithanda loo nto. Waze Wathi, "Ngekungcono ukuba uyise wayemtshicile ebusweni, kunokuba—kunokuba e—enze loo nto."

¹⁴⁷ Ngoko, uMirriam wangenwa liqhenqa, kuyo yonke indawo. Ngokunjalo no-Aron weza, waxelela udadewabo, wathi...okanye wayeza kuxelela umntakwabo, wathi, "Uyafa, liqhenqa."

¹⁴⁸ UMoses ke wabaleka waya kumcelela uxolo, esibingelelweni. Wathi akwenza njalo, iNtsika yoMlilo yehla, uThixo. Wathi, "Hamba uye kumbiza kunye no-Aron, uze nabo apha." No-Aron wayephakathi, okwakhe. Ngoko Wathi, "Babize beze apha."

¹⁴⁹ Wathi, "Ukuba kukho othile phakathi kwenu," uThixo ethetha nabo ngoku, "ongowomoya, okanye umprofeti, Mna ndiyakuZazisa kuye. Ndiyakuthetha naye ngemiboni, ndiZityhile kuye ngamaphupha, ndize—ndize ndityhile amaphupha, nezinto ezinjalo." Wathi, "Kodwa kumkhonzi waM, uMoses, akakho onjengaye emhlabeni." Wathi, "Ndithetha naye ngomlebe ukuya endlebeni." Wathi, "Beningamoyiki uThixo?" Yabona, uThixo akazange ayithande loo nto.

¹⁵⁰ Ke, ndabaleka ndakubona loo nto, ndangena. Wayekwelinye igumbi ke. Ndankqonkqoza elucangweni. Wayezivingcelele apho. Ndamxelela ukuba ndifuna ukuthetha naye. Ndaze ndangena apho ndathetha naye, ndazama ukumxelela ukuba kwakuyintoni na oko. Ndathi, "Sthandwa, uyazi ukuba ndikuthanda kangakanani na, kodwa uThixo

akayithandanga loo nto. Ubungamelwanga kukuba uyithethe laa nto.” Kwaze kwangoko emva koko, wangenelwa yingxaki kwicala lakhe.

¹⁵¹ Samthabatha samsa kugqirha apha eLouisville, uGqirha Arthur Schoen, waze wafumanisa ukuba kukho ithumba elihlumayo kwicala lasekunxele lesibekeko, endathi ndalifumanisa kwishumi elinesihlanu okanye ishumi elinesithandathu leminyaka ngaphambi koko. “Igqithi elihlumayo kwicala lasekunxele lesibekeko, lingangenqoba ubukhulu.”

Ndathi, “Kuthiweni ngalo, gqirha?”

¹⁵² Wathi, “Masibone ukuba kuyakwenzeka ntoni na. Uze umzise kwakhona kwiinyanga ezimbalwa, malunga neenyanga ezimbini okanye into enjalo.”

¹⁵³ Sambuyisela apho. Lalikhulile, ekubeni ngange-walnut inqoba langange-lamuni ubukhulu. Wathi, “Kungcono liphume; ukuba lithe lathamba lijike lonakale.”

¹⁵⁴ Ndaze ndathi, “Kulungile, bethu,” ndathi, “si—siya eTucson. INkosi indithume ngaphandle eTucson.”

¹⁵⁵ Wamthumela emantla kugqirha oyingcaphephe kwabasetyhini; wayengafuni ibekwezakhe izandla loo nto. Ngoko kunokuba wamxelela malunga nolungiselelo lwam, kuba yena . . . Loo gqirha uyingcaphephe kwabasetyhini wathi, “Linyanzelekile ukuba liphume.” Ngoko wathi . . . Samxelela ukuba sasisiya e—eTucson. Wathi, “Kulungile, ndinaye oyingcaphephe olapho, umhlobo wam olungileyo. Ndandikade ndihlala eTucson.” Wathi, “Ndizakumthumela kuye.”

¹⁵⁶ Wabhala iphetshana walithumela kuye, wathi, “UNkosikazi Branham linenekazi elilungileyo,” waqhubeka ngoloo hlobo. Wathi . . . Wathumela umzobo wokuba lalikhulu kangakanani na eloo gqithi, njalo njalo. Laliyike yalithumba elikhulayo ngoko; wathi likhulu kangangoko lalingako. Wathi, “Ndiyazi . . .” Uyazi, wayesazi ukuba yena . . . Ndicinga ukuba wayecinga, wayendibiza ngokuba ndingu “Mphilisi ongewe.” Yiloo ndlela kuphela awayeyazi anokuyibeka ngayo. Kodwa wathi, “Ndivumile ukuba—ukuba likhutshwe, kwaye kunyanzelekile ukuba likhutshwe. Ukuba limelwe kukukhutshwa, likhuphe.”

¹⁵⁷ Kodwa yayikukuvavanywa kokholo lwethu. Sahlala sithandaza. Kwaze okukhona sithandazayo, yakokukhona likhula lisiba likhulu ithumba, lade lafikelela ekubeni libe yinto ethe phuhlu ecaleni kuye. Sathula; abambalwa kubantu balapha babeyazi loo nto; sizama ukubona ukuba kuza kwenzeka ntoni na. Laqhubela phambili ngokuqhubela phambili.

Ekugqibeleni, ndathi ndakuhla ndivela eCanada, ukusuka apho ndandishiye khona . . .

¹⁵⁸ INkosi yandenza ukuba ndikhokelele esaa sizwe samaNdiya kuKristu. Ndiyaphindela ukuya kuwabhaptiza, eGameni leNkosi uYesu, kule Ntwasahlobo, iNkosi ithandle.

¹⁵⁹ Ngoku, ndehla, yabe ilixesha layo lokuba ihambe, xa ndandiseNew York...okanye ezantsi apha ukuya kufumana olunye uqha...ukuya kufumana uqhaqho, okanye ukuya kuxilongwa okokugqibela. Ndahamba mna ndaya eNew York. Ndathi ukubuya kwam, ndeqgitha apha, ndaze ndenyuka... Emva kokuba ndandiqhube inkonzo apha, inkonzo yokugqibela, ndenyuka ndaya apho ndayibizela kwaMzalwana Wood.

¹⁶⁰ Waze wathi, "Bill, ndinako nokunyamezela impahla yam ukuba ilichukumise." Lalithe gqi *kangaya* ecaleni kuye ngoko. Umlenze wakhe uphezulu kwelaa cala, wayeqhwalela nje, eyona veki imbi wakhe wayifumana. Ngoku uhleli apha, undiphulaphule. Eyona veki imbi wakhe wayifumana. Waze wathi, "Ndinyanzelekile ukuba ndiye, ngoms'omnye, ndiye kokuya kuxilongwa."

¹⁶¹ Ndacinga, "Owu Thixo, ukuba bathe balisika, loo nto iyakusithintela ekugodukeni ngeKrisimesi, yaye sendibaxelele abantu ukuba ndizakubakho." Ndaze ndathi, "Elinje lona ixesha! Owu, bethu!" Ndacinga.

¹⁶² "Mandimxelele, ukuba uzakwenza uqhaqho, kulungile, 'Malenziwe kwithutyana elidana, kude kube semva kweKrisimesi.'"

¹⁶³ Ndaze ke ndacinga, "Lisenokonakala libole." Lize libuyele *apha* ngemva, uyazi, yinto embi leyo, lihle liye kungena ezintweni. Ukuba lithe ngqo, laze labola lonakala, liyakukubulala. Ngoko ndacinga, "Ndingenza ntoni?"

Waza uMeda wathi, "Kulungile, ngoku, uze unditsalele," watsho.

¹⁶⁴ Usuku endaya kufika ngalo eShreveport, suku olo lwaluyakuba semva kolo, ndakufika eShreveport, kwafuneka ukuba aye kuxilongwa. Ngoko waya ku...UNKosikazi Norman wayeza kuya kuDade Norman; nonke niyamazi, aba bantu bahamba apha eMnqubeni. Wayehamba kunye naye, baya ke kule ngcaphephe waze wathi, "Khawuhlale ufumane ubusuku bokuqala, e—e...uze ubuye." Kuba, umahluko, ziyure ezimbini kwixesha. "Uze unditsalele umnxeba ke wakubuya, emva kwenkonzo, ndiyakukuxelela ukuba ndimelwe kukwenza ntoni na."

Ngoko, ndaqhubela phambili.

¹⁶⁵ Ngentsasa elandelayo ke, phambi kokuba ndihambe, ndandiza kuya kulanda uBilly noLoyce. Bobabini bahleli bakho. Yaye njalo...

¹⁶⁶ Sinesitulo eside esidala apho esasisiqunjelelwe nguMzalwana Palmer, kungekudala apha, yaye siye sihlangane

ngakweso situlo sithandaze, nanini na si...Owu, i-Ottoman, enjalo, uyazi, isitulo senyawo. Nanini na sifika apho sithandaze, xa ndisiya enkonzweni, sicele uThixo ukuba asincede.

¹⁶⁷ Ndandilapho ke phezulu, iintsukwana, ndaye ndandi—ndandinxubile. Indlu; abantwana bemnkile, naye engekho. Uyazi, abaninzi kuni bayazi ukuba kwanyanzeleka ndingene kuloo nto ngaxesha lithile, ukubuyela kwindlu eze; kuphela, ndayingcwaba laa nkosikazi, uHope. Ke ngoku seyiphinda kwakhona. Ndaze ndehla, ndacinga, “Ke, ndiza kuthandaza ndize ndiye kulayisha uBilly noLoyce, size sinyuke.”

¹⁶⁸ Ngoko ndaguqa ukuze ndithandaze, ndathi, “Nkosi, ndiyabakhumbula ngale ntsasa, xa ndilapha.” Ndathi, “NdiyaKuthandaza ukuba ubancede ubasikelele. Sanga singabuyela kule ndawo kwakhona. Ukuze ngoku,” ndathi, “baphaya ngaphandle ngenxa yokuba Wena undithume apho ndinombono, waze Wawuzalisekisa. Ngoku ndifuna ukulinda, ndibone ukuba Uyakundixelela ntoni na ukuba ndiyenze ngokulandelayo.” Ndathi, “Ndithandazela ukuba...Yiba nenceba kuye.” Ndaze ndathi, “Ndincede kule nkonzo iphaya ezantsi.” Ndaze ndathi gqolo...Ndathi, “Nkosi musa ukulivumela libole. Yenza ukuba laa gqirha alinde kude kube ngolokuqala enyakeni, ukuze alikhuphe. Ndi—Ndikuthiyile nje ukumbona e...”

¹⁶⁹ Ndathi, “Nkosi, wayengazimiselanga kulaa nto wayenza ngalaa ntsasa. Wayengazimiselanga kuloo nto.” Ndathi, “Nkosi, akukho nexesha elinye awakhe wanalo nelizwi elinye malunga nokuba mna ndisiya ezinkonzweni, ndihlale iinyanga, okanye nokuba yintoni na ekwakuyiyo. Akukho nexesha elinye awakhe wawuvula umlomo wakhe malunga naloo nto. Ubehlala eyithumela impahla yam kubacoci, azihlambe iihempe zam, enze yonke into ibe sele ilungile ukulungiselela ukuya enkonzweni. Ngoko, uyafuna ukuba angamkhonza kanjani na uThixo.”

¹⁷⁰ Nina bafazi, ngendlela enikhonza ngayo abayeni benu, nikhonza uThixo, kakade.

¹⁷¹ “Ke ngoku, ndandisithi ndakungena, ndidinwe ndiphelile, abantu bevela kuzo zonke iindawo. Kwakufuneka ndiphumele ngaphandle kwindawo ethile kuhambo lokuya kuloba, okanye uhambo lokuya kuzingela. Kuba, abafazi abaninzi babenokubhabhazela ngeloo xesha. Wenzani yena? Athabathe iimpahla zam zokuzingela andilungiselele ukuba ndihambe; andivumele ndihambe.” Ndathi, “Nkosi, ebengazimiselanga kuloo nto.” Ndaze ndathi, “Kuye kwanyanzeleka ukuba asikwe kathathu, ngenxa yokuba ebeleka ngoqhaqho.” Ndaze ndathi mna... “Nkosi, ndi—ndiyithiyile eyokubona emelwe kukwenziwa loo nto kwakhona.”

172 Kwathi kanye ngeloo xesha ndeva into ethile kweloo gumbi. Ndakhangelala phezulu. IZwi lathi, “Yima ngeenyawo.” Lathi, “Ngoku nantoni na othe wayithetha, iyakuba lolo hlobo.”

173 Ndalinda umzuzu nje. Ndathi, “Ngaphambi kokuba simchukumise isandla sikagqirha, isandla sikaThixo siyakulisusa eloo thumba, lize lingabi safunyanwa.”

174 Kwaba kuphelele njalo, kum. Andizange ndimtsalele mnxeba. Sahamba nje ngokuqhelekileyo, ndaya ndathabatha uBilly noLoyce, saya eShreveport.

175 Ngobusuku obulandelayo ndamtsalela umnxeba. Wayonwabile. Wathi, “Bill, ndifuna ukukuxelela into!”

176 Ngoku nguye lowa, yaye angayingqina lento. Kwakunyanzelekile ukuba aqhwahelele ajikele; waya kungena egumbini kunye nomongikazi noNkosikazi Norman, anxibe impahla yakhe elungiselela... idyasi yokuvuka, elungiselela ukuxilongwa. Waphuma ugqirha, kunzima nokuba aqabele etafileni; ithuba lijinga apho, lilikhulu kakhulu. Waze wathi aku... Ugqirha wangena wathetha naye. Waze wajikela, ukuze asuse ishiti eza kumchukumisa, yaye, nje phambi kokuba amchukumise, lemnka.

177 Yaye ugqirha wayengalazi nokuba leliphi na icala elalikulo. Wathi, “Khanime!” Enemizobo ezotyweyo nayo yonke imifanekiso, nayo yonke enye into, akafumana nomzila walo. Wamxilonga, wamphindaphinda. Wathi, “Ndisenokungabi nako ukuyicacisa, kodwa, Nkosikazi Branham, elaa thumba alikho phaya.” Yaye akazange abenalo nophawu lwalo, ukusukela ngoko.

178 Yintoni na? Qaphela, kanye njengokuba Latshoyo, “Ngaphambi kokuba isandla sikagqirha silichukumise.” Ngesiqingatha somzuzwana, yaye isandla sakhe ngesalichukumisayo. Ligqibelele ngokunjalo iLizwi leNkosi!

179 Ngoku, nantsiya inkosikazi yam, yaye sobabini siphambi koThixo. Kodwa ngaphambi kokuba isandla sikagqirha sibe saba nokuwchukumisa umzimba wakhe, endleleni eya kuye *kanjeya*, kwabakho into eyenzekayo, ithuba lemnka. Kwaye abazange babe, wa—wathi... Ndiyakholwa ukuba kwakunjalo, kwakungenjalo, sthandwa? “Ndifuna ukukuqinisekisa kwakhona, Nkosikazi Branham,” ingaba kunjalo, yindlela awayithetha ngayo leyo? Kunjalo (“ukuba elaa thumba alikho.) Awusenathumba.”

180 Yayiyintoni? Ngokuchanekileyo ngokweLizwi leNkosi, leyo yayiyi...?... Amen. Lityeli lesihlanu elo. Isihlanu linani lobabalo, linani lokholo f-a-i-t-h, kananjalo.

181 Akusekho kuthandabuza engqondweni yam. Ndiyazi ukuba ayintoni na aMandla ezinga lesiThathu, ndaye ndiyazi

ukuba enza ntoni na. Ngoku yibani nentlonelo, hlalani nithe cwaka, iyure iyakufika kwamsinyane apho uThixo ayakwenza izinto ezinkulu phakathi kwenu.

Ngoku masithobe iintloko zethu sifumane ilizwi lomthandazo.

¹⁸² Nkosi Yesu, ndiyibonile kwabanye abantu, kodwa kwakufika kwinkosikazi yam ethandekayo, yayikwikhaya lam, ngoko, Nkosi. Ndandilikhangele ngawam amehlo, ndaliva ngezam izandla. Kwaye ndi... isihla-... sithandathu seminyaka ngaphambi koko, kwakunjalo, Nkosi, yaziwa yatyhilwa nguWe. Xa kuthethwe nantoni na, inyanzelekile ukuba yenziwe. Wawundibonisa, Nkosi, ngoko, ukuba, ukukholosa kwam koko Wena ukwenzele abantu, uze wenze ukuba ndikwazi, khon'uze ndibancede. Wayenza yenzeka kwikhaya lam kanye. YayingaMandla ezinga lokuQala lawo. Ke ngoku aMandla ezinga lesiThathu angqinele aMandla ezinga lokuQala.

¹⁸³ Sinombulelo, Bawo. Sixolele ngokusilela kwethu. Singabantu abancinci. Asifundanga, kusondele kuloo nto, abantu abangenamfundo. Kodwa sinombulelo kakhulu ngenxa yokuba sinoThixo owongamele konke Osilondolozileyo esikhathalele, kuba asazi ukuba masizikhathalele kanjani na. Sizinikela kuWe.

¹⁸⁴ Ngoku, Bawo, ndiyathandaza ukuba Undincede. Yaye kula Mandla ezinga lesiThathu, kwanga, Owu Nkosi, njengokuba ubuthetha kum kwiminyaka embalwa edlulileyo ngaloo nto, uyibonakalisa phezu kwe... uphawula ngeentaba, njalo njalo, uyinyusela phezulu. Ngoku, bendikhangele ukuze ndibone ukuba yintoni na yade yangqinelwa ngokupheleleyo. Ngoku ndiyathandaza, Bawo, ukuba Undincede ukuze ndibe nentlonipho ngakumbi, ngalento, kunokuba bekunjalo ngaphambili, yaye Wanga ungfumana uzuko. Njengokuba, kanye ngapha kwale pulpit, apho awezinga lokuQala athethwa khona, aweleSibini, ke ngoku ngawesesiThathu, yaye oko Ukuthethileyo kwenzekile ngokuchanekileyo ikoko Wakuthethayo. Siyakholwa kuWe, Nkosi Thixo.

¹⁸⁵ Sincede sonke ngabanye ukuze silahle kude konke ukungakholwa kwethu neenkolo, ukuze sibe nokuma kuBukho bukaThixo ophilileyo, sisazi ukuba, kwaloo Thixo mnye wathabatha eloo thumba lesuka kwinkosikazi yam ehleli apha ikho ngoku; ingqinelwe loo nto ngezinye zezona ziphezulu iinzululwazi zethu zezamachiza esinazo kweli lizwe, ezayixilongayo, zaze zaphinda zajonga, zenza umfanekiso wayo; ibe ngoku ingasekho. UnguThixo Wena yaye akukho wumbi ngaphandle kwaKho.

¹⁸⁶ Yaye siyaKuthanda ngokuba Usenze—Usenze sangabakhonzi baKho. Sanga ke singaKukhonza ngentlonipho

nembeko, yonke imihla yobomi bethu. Siphe oko, Nkosi. Ndanga ndinganako, nosapho lwam, nabo bonke aba bantu, sibe nokuba ziZibane ezikhanyayo, ityuwa enesongo eyakuthi i-...dale unxano kwabanye, ukuze bamthande lo Yesu usenzele okungaka.

¹⁸⁷ Ngoku njengoko ndivula iLizwi, ukuze ndiLifunde ukwenzela umxholo omncinane, ndize ke ndithandazele abagulayo, ndincede Nkosi. Thetha nathi, uphilise abagulayo, sithandaza eGameni likaYesu. Amen.

¹⁸⁸ Aningekhe, ndinexeshana nje lee...[Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Ukuba ndithe ndangxama ngokukhawuleza kakhulu...kumxholo othile apha, ndifuna ukuba nifunde ngoku, okanye niphawule, nokuba yintoni na eninqwenela ukuyenza. Esokuqala sifumaneka kwiNcwadi yeNumeri, 21:5 ukuya 19, yaye sifuna uku—ukufunda oku.

Bathetha abantu ngoThixo, nangoMoses bathi, "Yhini na ukuba nisinyuse eYiphutha size kufela entlango? ngokuba tu isonka, tu namanzi; umphefumlo wethu ukruqukile sesi sonka sinkatshu-nkatshu, ukudla kweeNgelosi.

UYEHOVA wathuma iinyoka ezinobuhlungu ebantwini, zabaluma abantu; kwafa abantu abaninzi bakwaSirayeli. Ngoko uYehova...

Beza abantu kuMoses bathi,...

¹⁸⁹ Ukuvuma isono! Khangela, "Sonile!" Yabona, yinto yokuqala ukuze uphiliswe, ukuvuma isono kuqala.

...Sonile, ngokuba sithethe ngoYEHOVA, nangawe; thandaza kuYEHOVA, azisuse kuthi iinyoka ezo. Wabathandazela ke uMoses abantu.

Wathi uYehova kuMoses, Zenzele inyoka enobuhlungu, uyixhome esibondeni eside: kothi, ko—kothi, bonke abo balunyiveyo, bakukhangela kuyo, baphile.

Wenza ke uMoses inyoka yobhedu, wayixhoma esibondeni eside, kwathi, yakuba ithe inyoka yamluma umntu, waza wabheka enyokeni yobhedu, waphila.

¹⁹⁰ Ngoku, kananjalo, ndinqwenela ukufunda iSibhalo esiphuma kuZekariya, isahluko se-12, ivesi ye-10.

Ndothululela phezu kwendlu kaDavide, naphezu kwabemi baseYerusalem, umoya wokubabala nowokutarhuzisa: babheke kum mna bamhlabileyo amahlanza, bambambazele, njengokumbambazelelwa kozelwe wamnye, babe krakra ngenxa yakhe, njengokrakra ngenxa yamazibulo akhe.

¹⁹¹ Ngoku ukwenza itekisi, ndiza kuthabatha le: *Khangelani Phaya kuYesu*. Khangelani kude nehlabathi, kuYesu. U Moses wenza inyoka; kwakho apha umprofeti, emva koko, wayethetha ngayo, ukuba kwakuya kwenzeka ntoni na, khangelani lee ku—kuYesu.

¹⁹² IBhayibhile itshilo, ku-Isaya 45:22. Sifumanisa ukuba uThixo wathi, “Mazikhangele kuM, zonke iziphelo zehlabathi.” Kwaye ngoku xa ihlabathi lifikelele kwisiphelo salo, okanye inkqubo yehlabathi ifikelele kwisiphelo sayo, abantu mabakhangele kuYe.

¹⁹³ Ngoku usenokuthi, “Sayiva lento, isizukulwana emva kwesinye. Kudala siyiva lento.” Yinyaniso leyo, kudala ishunyayelwa. Abalungiseleli abaninzi bathabatha kwalo mxholo, amawaka abo.

¹⁹⁴ Kodwa nantsi into endifuna ukukucela ngayo, ngokuhlwanje, okwale mizuzwana ilandelayo. Kodwa wakukhangela, umbuzo ku—kukuba ubona ntoni wakukhangela? Ubona ntoni xa uthe wakhangelanga? Loo nto ixhomekeka kuphela ekubeni ukhangela ntoni na. Yabona? Ngoku Wathi, “Mazikhangele kuM, zonke iziphelo zehlabathi. U Moses wayiphakamisela phezulu inyoka, yaye, wonke othe wakhangelanga, wayephila. Ngoku, kuxhomekeka ekubeni yintoni na oyifunayo.

¹⁹⁵ Ndakhe ndababona abantu bengena phakathi enkonzweni, ngalo mhla wokugqibela, bafumane nje ukuhlala enkonzweni isithuba somzuza omnye okanye emibini. Ibe yiloo nto kuphela abanokuyinyamezela. Yabona, abakwazi kuyinyamezela.

¹⁹⁶ Andinakuze ndilibale, ndiyathemba ukuba lento ayizi kwayama mntu uvela e-Iowa, xa ndandinenkonzo eWaterloo.

¹⁹⁷ UMzalwana Lee Vayle, ebehleli apha ngale ntsasa. Andazi nokuba ukhona na ngokuhlwanje okanye hayi. Ukhona, Lee? Ebelapha ngale ntsasa. Ewe, uphaya emva ekushicileleni, phaya emva. Kulungile.

¹⁹⁸ UMzalwana Lee kunye nam senza konke esasinokukwenza. Wade wapha umanyano lwabalungiseleli isidlo sakusasa, ngesisa, esenzela nje ukuze behle sithethe nabo. UMzalwana Lee Vayle, kakade, usisifundiswa no—noGqirha wobuNgcwele, yaye ngenene wasisebenzela ukuze asifumane isidanga sakhe. Ngoko ke ndazama ukuba ibenguye othethayo phambi kwamaLuthere, amaPresbithari, njalo njalo, kodwa wathi, “Hayi, bakhangele kuwe ukuba ibe nguwe othethayo.”

¹⁹⁹ Ke, ndehla ndathabatha umxholo wam, phambi kwaba balungiseleli, emva kokuba begqibile ukudla. Ndathabatha itekisi: *Andibanga Nguye Ongawululameliyo Umbono WaseMazulwini*. Ndathi nje ukuba ndigqibe ukufunda esoo Sibhalo, malunga nesibini sajonga, naso siphuma ngomnyango.

Ngoko ndaqalisa ukuthi, “NjengoPawulos ngomhla wakhe, enentshumayelo engaqhelekanga, ke ngoku umi phambi ko-Agripa wathi wayengenguye ongawululameliyo,” malunga nesibini okanye isithathu esisesinye saphakama. Kwathi kuba lixesha lokuba ndifikelele ekuthetheni into malunga naloo mxholo, kwabe kusele nje malunga nesithathu okanye isine esasihleli apho. Bonke babephakame bemnka.

²⁰⁰ Isizathu soko, sesi, nasi. Abanye bayeza enkonzweni, bathi bakuva ngomvangeli othile, indlela anxibe ngayo inento yokwenza ebantwini. Ukuba akanxibi uhlobo olululo lwempahla, abanye babo . . .

²⁰¹ Ndakhe ndeva i—inkcuba buchopho isithi, ngenye imini; uGqirha Narramore, indoda elungileyo, indoda enguMkristu, inkqubo yakhe ikwi-KAIR, phaya lonke ixesha. Wathi, “Indlela onokumqaphela ngayo umntu xa elahlekwa yingqondo yakhe, kuxa anganxibi ngokufanele isimo sakhe.” Uyazi, ngendlela amelwe kukuvela eyiyo esidlangalaleni, lowo ngumqondiso wokuba ulahlekwa yingqondo.

²⁰² Ke, ngoko, oko ndaphambanayo ubomi bam bonke ngoko, yabona, kuba ndinxiba i-avalolo nayo yonke into, yabona. Ngoko, ukuze ndifanele isikhundla sam, ndimelwe kukuba njengomfundisi, ngamanye amazwi, ukuze—ukuze ndibe ngumfundisi.

²⁰³ Andicingi ukuba uYesu wanxiba ngokomfundisi. Wanxiba njengomntu nje oqhelekileyo. Wahamba phakathi kwabantu, yaye yayingekokunxiba into ebalulekileyo.

²⁰⁴ Kodwa loo nto, yabona, yindlela eziyiyo iimbono zomntu. Ayi . . . Bekunokuthini ukuba le ndoda, okanye, andazi ukuba ugqirha ebeya kucinga ntoni na ngalento, xa umprofeti eBhayibhileni wayalelwa ukuba kukhululwe impahla yakhe ahambe ze phambi kwabantu? Ngewayephambene ngenene, bekungayi kuba njalo ngoku? Kodwa uThixo wamxelela ukuba makenze loo nto.

²⁰⁵ Omnye kwafuneka ukuba angqengqeqe ngecala amakhulu amathathu anesine . . . Iinyanga, ndiyakholwa yayizizo, elele ngecala, ngecala elinye; aze aguqukele ngaphaya kwelinye icala. Adle imbiza yeembotyi ayenzileyo apho; kunyanzeleke ukuba abilise lento ebeyenzile, ayizamise, adle yona lonke eloo xesha; olule ingalo azalise isandla adle, angqengqeqe ngecala, esenzela umqondiso. Yabona?

²⁰⁶ Owu, indlela abemnka ngayo abantu, kwelenene, iLizwi likaThixo. Babangabafunde kangangokuba bazifundise bemnke kuThixo. Xa umntu ethetha ngokuba unemfundo, ndiyazi ukuba loo nto kukuchaza nje indlela akude ngayo kuThixo; yabona, isidanga sobugqirha. Andiyithethi ngokuchasene noGqirha Vayle lento, kuba akalulo olo hlobo yena. Kodwa, esiqhelweni, xa indoda ifumene isidanga

sobugqirha, loo nto ithetha nje ukuthi, kum, ukude kangaya kuThixo, yabona, ngaphandle kokuba unokuzibophelela kwiLizwi nakuThixo.

²⁰⁷ Ngoku, sifumanisa ukuba abanye bezela ukuva indlela othetha ngayo, xa bezokukhangela. Wakuthetha ngempiliso eNgcwele nangeNkosi; ukuba umntu akangowodidi, inkcuba-buchopho efundileyo, abantu abamelani nokummamela esebenzisa amazwi anjengoo “his’n, hin’t,” na—namanye amazwi anjalo... Bathi nje... Abangekhe. Bacinga ukuba loo nto ikude lee kuThixo.

²⁰⁸ Ngeli thuba uYesu wathetha ulwimi olulula kangaka, ngokokude, namhlanje, lube ludide iinjingalwazi, kuba zizama ukulitolika ngokwezemfundo nangolwimi lwaloo mihla, lube lona lwalululwimi lwasesitratweni. Ngoko ke...

²⁰⁹ Kuba, mkhulu kangako umahluko nalapha kule-United States yethu! Ndatsalela umnxeba eFlorida, eNew York, ukuze ndizise umfazi othile apha, kananjalo, eSaint Louise, ukuza kutolika phakathi kwentombazana yasemazantsi nentombazana yasemantla. Ungako ke umahluko owawukho. Yabona? Ngokuqinisekileyo.

²¹⁰ Ngoku yiyo le ke eyona nto, kukuba abantu bafuna ezoo zinto, iintetho, endaweni yeLizwi. ILizwi xa libonakalaliswa libubungqina bokuba Linyanisile. Yabona, iLizwi libonakalalisiwe! Abasokuze bakhangele loo Nto ke. Kufuneka benokuqonda okungokwengqondo, ukuze bazi, bafumane iziko lemfundo bafunde ukuba kuqhutywa njani na, kumiwa njani na kwindawo enye, nayo yonke loo nto. Owu, loo nto ingamtsarha umfundisi, afe, ozaliswe ngenene ngoMoya oyiNgcwele. Yabona? Ngoku, bubungqondi obo.

²¹¹ Yiloo ndlela ke esi sizwe siphela esinayo. Sinokumqonda ngokwengqondo uKristu. Nantso ke into abakhangele yona. “Ke ukuba uKristu ungaphakathi kwakho, umelwe kukuba ube sisifundiswa, umelwe kukuba ube yingqondi,” kuba nantso into abacinga ukuba uyiyi uKristu.

²¹² Yaye ngelinye ixesha, enye into, babumba iingcinga zabo zokuba Umelwe ukuba yintoni na, iibono eyeyabo, endaweni yokuthabatha oko kuthethwe liLizwi. Nantso indlela abakhangele ngayo, baze bambone nkqu noYesu ngokwaKhe, bayasilela ukuMqaphela. Bayenza loo nto ngoMhla wePentekoste. Bayenza loo nto xa Wayesesenyameni. Bayenza xa Wayesesitalini. Bayenza xa Wayekwizitrato zaseJerusalem. Bayenza loo nto xa Wayesemnqamlezweni. Wabe Yena eyinzaliseko yeloo Lizwi. Ukanti, nangoko, babenento kaMesiya ohla ngomjelo ephuma eZulwini, nayo yonke enye into, yabe iyinto engekho, ngokuba yayikukuqonda kwabo ngobungqondi. Baze bakuphosa ukuMbona, kwaye, babekhangele kuYe kanye. Kunjalo namhlanje!

213 Ubona ntoni wakukhangela? Abanye bayajonga ukuze babone, bakukhangela kuYe, bakhangele ukubona umseki-bandla omkhulu oyingqondi, umntu othile onokuthi ngenene avelise umgaqo oyakubangela ukuba bonke abantu bawuwele lo mgaqo, into ethile eyenye. Nantso into abakhangelana yona xa bebona Yena.

214 Abanye bakhangelana ukubona intsomi enjengoSanta Claus, bakukhangela. Bayayifunda iBhayibhile, baze bathi, “Eeh, yinto eyintsomi le. Yinto nje eyabhalwa ngumntu. Nantso into, bona, kuba bona ba...” Imbono oyithabathayo malunga neBhayibhile, yiloo nto oyithabatha malunga naYe. Yabona?

215 Abanye bakhangelana ukuze babone usana. Abanye bakhangelana ukuze babone u—umvundla okanye uSanta Claus. Abanye bakhangelana ukuze babone incwadi yezembali eyayikho izolo ingekho namhlanje.

Kodwa, umbuzo ngulo, ubona ntoni wakukhangela wena?

216 Baninzi kakhulu, ababanga ukuba banoMoya oyiNgewele, abakhangelana ukuze babone isiqu sesibini somtriniti. Ngeli thuba, ingakhange ichatshazelwe nokuchatshazelwa eBhayibhileni loo nto. Ayikho into enjalo. Igama umtriniti alikho nokubakho ngaphakathi kwiziciko zeBhayibhile. Kodwa, nangoko, xa ukhangela kuYesu, uMbalela ekuthini sisiqu sesithathu okanye isiqu sesibini somtriniti, naso isizathu sokuba ungangafiki ndawo.

217 Uyazi ukuba wathini Yena? “NdinguThixo, yaye akukho wumbi ngaphandle kwaM.” Yabona?

218 Kuxhomekeka ekubeni ukhangele phi na. Ukuba ufuna ukubeka inkwenkwe encinane engumthunywa, ixhego elidala elinentshebe, njalo njalo; ukuba yiloo ndlela okhangela ngayo uYesu ngokungathi ngumntu owahlukileyo kuThixo, ukhangela ngendlela engeyiyo. AwuYiboni.

219 Apha kungekudala kwithuba elidlulileyo, ndandineendondo zasemadlelweni. Ndandizama ukukhangela inyamakazi ethile njengexhama, kungenjalo ixhama ngaphaya edlelweni. Unyana wam ke wayezama ukundibonisa, kwaye yena uselula kakhulu. Ngoko wathi, “Thabatha ezoo ndondo, tata! Naliya ixhama limile, kanye phaya!”

Ndathi, “Ndizakulibona ngamehlo la wam.”

Wathi, “Thabatha iindondo.”

220 Ndathi ndakujonga, ndabona malunga neshumi lamaxhama, kanti iindondo zazingajoliswanga kakuhle. Ndathi ndakuzifaka ekujoliseni okukuko, lonke eloo shumi laba yinto enye.

221 Kwaye ukuba uyakujolisa ingqondo yakho kwiLizwi likaThixo, abo bathathu bayakuba ngoMnye. Yabona? Kodwa iindondo zezakwalizwi zikukhupha ekujoliseni okukuko xa uzama ukuMenza abe sisithathu. Mnye Yena. Yabona?

222 Kodwa kuxhomekeka ekubeni ukhangele entweni na. Ubona ntoni wakujonga? Khumbula, ungaMbona kuphela xa uMjonge ngeLizwi. Awunako ukujonga kuYe ngenchwadi yemithetho. Awunako ukujonga kuYe ngomgaqo. Uyakubona oothixo ababini okanye abathathu, nayo yonke enye into, kuloo migaqo. Kodwa khangela kuYe ngeLizwi, yaye uyakubona ukuba Yena ungu “*Imanuveli*, ‘UTHixo enathi.’” Wathi, “NdinguThixo, ngaphandle kwaM akukho wumbi.” Yena unguThixo.

223 U-Isaya wakhangela ngaxesha lithile, umprofeti, wathi akubona uYesu... Umxholo wam ngulo, “khangela kuYesu.” *Khangela Ngaphaya KuYesu*. Xa u-Isaya wakhangela phaya kude kunehlabathi, ukuze abone Yena, wathi, “Ndibona uMcebisi, uMthetheli woXolo, uThixo oliGorha, uSonini-Nanini.” Nantso into awathi u-Isaya wakhangela kude wayibona.

224 UDaniyeli, ngaxesha lithile, wayemi xa wathi wabona i—isiphelo sezikumkani zeNtlanga. Wabona loo mfanekiso wawuphutshwe nguNebhukadinetsare. Wabona indlela owawusithi ngayo omnye wandulele omnye, ekuhleni kwayo. Wathi akukhangela ekubeni kwakuza kwenzeka ntoni na esiphelweni, xa wabona uYesu, waye ‘liLitye elathwebuka entabeni, kungengazandla,’ elacumza izikumkani zeeNtlanga.

225 UNebhukadinetsare wajulela abantwana abathathu bamaHebhere kwiziko lomlilo, ababekholwa kuThixo beme kwiLizwi laKhe. Ukuba babemelwe kukuLifela, babezakuma, nakanjani na; into nje encinane, yokugoba idolo ngenye indlela. Kodwa wathi akukhangela kude lee wabona uYesu, waye ‘yindoda yesine’” eyayisezikweni lomlilo, yaze yagcina bonke ubushushu bukude kubakhonzi baYo abathobelayo. Nantso into eyabonwa nguNebhukadinetsare.

226 UHezekile wakhangela phaya ukuze abone Yena ngenye imini, wabe Yena e ‘liVili eliphakathi kwivili,’ liphaya phezulu esizikithini sesibhaka-bhaka. WayenguMphakathi wevili, apho zonke izilanda zibotshelelwe khona. Amen! Ivili elikhulu libaleka ngokholo, kodwa iVili elincinane lalijika ngaMandla weNkosi. Nanko owabonwa nguHezekile akukhangela kude.

227 UYohane umBhaptizi wakhangela kude ngenye imini, kwaye, akwenza njalo, wabona iHobe; neZwi, lisithi, “Lo nguNyana waM Oyintanda eNdikholisiweyo kukuhlala kuYe.” Nantso into awayibonayo. Ngoko, wabona uYesu noThixo bengumntu omnye, kuba uMoya wehla uphuma eZulwini unjengeHobe, usithi, “Lo nguNyana waM oyintanda eNdikholisiweyo kukuhlala kuYe.” Nantso into awayibonayo. Qaphela, uZiqondakalalisa ngaloo ndlela.

228 UNowa, wathi akukhangela kude ukuze abone Yena, uNowa wabona nje imigwebo kaThixo isihla phezu kwabantu beli hlabathi ababelalile iLizwi laKhe. Nantso into eyathethwa nguNowa akukhangela kude.

229 UMoses wathi akukhangela kude, wabona ityholo lisitsha. INTsika yoMlilo yayiZibuyisele etyholweni, kwaye, xa uMoses wasondela kufutshane kuyo, Yathi, “Khulula iimbadada zaKho, kuba, “NDINGUYE.” Ngoku, ukuba ungalilinganisa elo gama, “NDINGUYE,” lilixesha elidlulileyo, ixesha elimiyo, nexesha elizayo. “NDINGUYE.” Ngonaphakade! Yabona? “NDINGUYE,” wabona u “NDINGUYE.” Nantso into awayibonayo kwityholo elivuthayo.

230 USirayeli wakhangela kwinyoka yobhedu eyayenziwe nguMoses, baze babona uKristu ebulaleka ngumgwebo ngenxa yabagulayo, kuba siyazi ukuba inyoka yayithetha ngeNtlawulelo.

231 YayinguYesu loo Ntlawulelo. “Njengokuba uMoses wayiphakamisayo inyoka yobhedu entlango, umelwe kukuphakanyiswa ngokunjalo uNyana womntu,” kwangenxa yeso sizathu. Yabona? Kuba? Babonile, baze bagula; loo nto yayiyekususa izono zabo nezifo zabo. Yaye kungoko, “uYesu wahlatywa ngenxa yezikreko zethu; saphiliswa ngemivumbo yaKhe.” Ukuba ususe impiliso eNgcwele kuKristu, ucande phakathi iNtlawulelo, yakubini. Yabona?

232 Ubona ntoni kuYe wakukhangela? Uyayibona loo nto? Uyayibona eyokuba, “Wahlatywa ngenxa yezikreko zethu; saphiliswa ngemivumbo yaKhe”? Wakukhangela phaya kude, uyayibona loo nto, okanye ubona nje icala elinye leNtlawulelo? Ingaba ubona macala omabini ayo wakujonga?

Ukuba ujonga kuyo ngomgaqo, bayakukuxelela bathi, “Tintsuku zemimangaliso zidlule.”

Kodwa ukuba uyijonga ngeLizwi, uyakubona ukuba, “Isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade.” Yabona?

233 Abadisipile bakhangela kuYe xa babesengxakini elwandle, baze babona uncedo ekuphela kwalo olwalunokubanceda, lusiza.

234 UMarta wakhangela kuYe ngexesha lokufa, waze wabona ukuba Yena “Wayeluvuko noBomi.” Amen! Ngexesha lokufa, uMarta wabona, akukhangela kuYe...Wayaliwe ngabantu bakowabo; wayejongelwe ethotyelwe phantsi; naye, wayethumele kuYe, Waze akeza kumntakwabo. Kodwa wathi Akufika ekugqibeleni, naxa wathi wawa phantsi ukuze abenokukhangela kuYe, wafumanisa ukuba Wayekuko kokubini “uvuko noBomi.” Amen!

235 UYayiro wenza kwaloo nto, ikholwa ngokufihlakeleyo; umRhabe omncinane, umWisile, umBhaptizi, wayekholwa

ngenenene, kodwa wayengakwazi ukuba kufutshane, ngenxa yokuba ihlelo lenkonzo yakhe lalingayi kumvumela, ngenxa yokuba wayeya kukhutshelwa ngaphandle. Kodwa intombi yakhe ekuphela kwayo yayilele ikwincam yokufa, kwanyanzeleka ke ukuba aye. Kodwa wathi akuMfumana, wafumanisa ukuba Wayeluvuko noBomi.

²³⁶ Wathi akuthumela kuYe, ngomntu obalekayo, esithi, “Musa ukuzikhathaza Nkosi, kuba intombi seyifile.” Yena . . . Intliziywana yakhe yayise iphantse yema.”

²³⁷ Kodwa Wathi, “Anditshongo na kuwe ukuba, ‘Ukuba unokukholwa, uyakulubona uZuko lukaThixo?’” UYayiro wafumanisa ukuba Wayenako ukuvusa abafileyo, akukhangela kuYesu.

²³⁸ Abalambileyo bakhangela kuYe, baze bafumana ukudla kokuxhasa ubomi. Yayikokwenyama oko. Abalambileyo, ngokomoya, bangakhangela kuYe bafumanise ukuba UsiSonka soBomi.

²³⁹ Isela elalisifa lakhangela ukuze libone ukuba lalinokubona ntoni na, laze lafumana, kuYesu, uxolelo lwalo. “Uze undikhumbule, Nkosi, xa Usiza useBukumkanini baKho.” UYesu wathi, “Namhlanje uyakuba naM eParadesi.” Nantso into elayibonayo kwiyure yalo yokufa kwalo.

²⁴⁰ Abagulayo bakhangela kuYe, baze babona uMphilisi. Iimfama zakhangela, zaba nokubona.

Kuxhomekeka ekubeni yintoni na okhangele kuyo ngoku. Yintoni ofuna yona?

²⁴¹ UPetros noNataniyeli bakhangela, baze babona iLizwi lesithembiso somprofeti wabo, uMoses, sibonakalalisiwe. “INkosi uThixo uyakuvelisa uMprofeti onjengam nje, yaye bayakubambelela kuYe abantu. Bonke ke abangakholwayo kuYe, bamve loo Mprofeti, bayakunqanyulwa ebantwini.”

²⁴² Naxa wathi uPetros wenyuka waya kungena kuBukho baKhe, uYesu wathi, “Igama lakho unguSimon, yaye ungunyana kaYona.” Wazi khona ngoko, akukhangela ityeli lokuqala kuYesu, ukuba yayiyinzaliseko yoko iLizwi likaThixo lathi Uyakuba kuko. Amen.

²⁴³ Ingaba wena wafumanisa kwaloo nto wakukhangela kuYe ngetyeli lokuqala? Ingaba iLizwi ledinga laZibonakalalisa kuwe wakukhangela kuYe?

²⁴⁴ UNataniyeli, wathi nje ukuba angene kuBukho bukaYesu, intwanana yokuthandabuza . . . Sifumanisa ukuba nguFiliphu owayeye kumbiza, “Yiza, ubone Lowo simfumeneyo.”

Waze uNataniyeli weza, wathi, “Nguwuphi Yena?”

Wathi, “Ngulowa uphaya phezulu uthandazela abagulayo.”

245 Wazinyakathisa wade wafumana ukuMjongela kufutshane. Wathi akukhangela, uYesu wathi, “Nanko umSirayeli inyaniso ekungekho nkohliso kuye.” [UMzalwana Branham uqhweba izandla kabini—Mhl.]

Wathi yena, “Rabi, Undazi nini na?”

246 Wathi, “Ngaphambi kokuba uFiliphu akubize, ngokuya ubuphantsi komthi, bendikubona.”

247 Wafumanisa ntoni ke ngoko uNataniyeli? Wafumanisa ukuba yayinguKumkani kaSirayeli lowo. Wathi, “Wena unguNyana kaThixo. UnguKumkani kaSirayeli.” Nantso into awayibonayo akukhangela. Wafumana ingcaciso yeSibhalo, loo nto yezisa ukukhanya kuye. Wazibona, ikwaseso Sibhalo sasithethwe nguMoses umprofeti othanjisiweyo esithi, “Uyakunivelisela uMprofeti onjengam nje.”

248 Umfazi owayesequleni, wakhe wakhangela ngathuba lithile, wabona ntoni yena? Wayivakalisa esixekweni. Wathi, “Yizani, nibone uMntu Ondixelele izinto endizenzileyo. Ayingebi nguMesiya kanye na lo?” Wathi akuqala nje ukujonga kuYesu Kristu, wabona uMesiya.

249 Abantu bakhangela kwakuloo nto inye namhlanje, baze baYibize ngokuba “lufundo lwengqondo ngobuqhinga.” Bayibiza ngokuba iyi “Ikukunqulwa kwemimoya.” BaYibiza ngalo naluphi na uhlobo lwegama lomtyholi abanokuYibiza ngalo, ngokuba abayazi eyona nto bafuna yona. Amen. Abaqondi. Bakhangela umgaqo. Bakhangela inkcuba-buchopho yokungenisa ibandla kulungelelwano. Bakhangela amalungu amaninzi ngakumbi, baze basilele ukubona iNkosi uYesu Kristu enentsikelelo ibonakalaliswe kwiLizwi layo. Kunjalo.

250 Kuxhomekeka ekubeni ukhangela ntoni na. Ukuba ukhangela ukuzaliseka kwedinga namhlanje, uyakukubona. Kodwa, ukuba ukhangela ubungqondi obuthile okanye enye into ababehleli bekhangela yona, umseki othile obalulekileyo, usozimbali othile, umntu ongomnye, into eyenye, uyakusilela ukuYibona. Kodwa xa uthe wakhangela kuYe ngeLizwi, iLizwi liyamchaza ukuba UnguBani na.

251 Wabamema abantu bomhla waKhe ukuba benze kwaloo nto. Babengakwazi kuMbona. Wathi, “Zimfandini ezikhokela iimfama. Nibanga ukuba uMoses ungumprofeti wenu. Ukuba benimizazile uMoses, ngenindazile Mna. UMoses wabhala ngaM.” Yaye babezimfama kakhulu bengenakuYibona. Bakhangela kuLo, bazimfama kakhulu abaLibona.

252 Ndihlanganisa eloo “litha,” ngale ntsasa, okwemizuzu embalwa, uyabona. Bayakhangela, babe bengazi ukuba bakhangele ntoni na, ngokuba banokuqqa okungekuko

kwento abazama ukufumana yona. Ubuyakuyazi njani into ofuna ukufumana yona, ukuba awuyazi kwa into okhangela yona?

²⁵³ Ungathini ukukhangela ithanga, ube ungazange ulibone ungazange uve nokuva ngalo? Ungathini ukukhangela ivatala, ukuba awuzange wazi ukuba kukho into enjalo, nokuba injani na umthetho wayo? Kuba, ungafumana isitya nje sasesityeni ucinge ukuba yivatala. Ungafumana into eyenye, ungafumana ikhuni, ucinge ukuba yivatala.

²⁵⁴ Kodwa umelwe kukuyazi into okhangela yona. Yaye inye indlela onokuze wazi ngayo ukuba uyaphi na, ukuba ukhangela ntoni na; ukuba ukhangele kuYesu, uyakukhangela eLizwini, kuba Yena uliLizwi. “Zizo Ezingqina ngaM. Ziphengululeni iZibhalo.”

²⁵⁵ “Nibanga ukuba ni...nikholwa kubaprofeti, ukanti ningaboyihlo umtyholi. Ooyihlo, abo babangayo; ekuthumeleni kukaThixo abaprofeti kubo, babafaka engcwabeni. Ba—Bababulala abaprofeti. Bonke abo bathi beza,” watsho uYesu, “nguwuphi kooyihlo ongazange axulube? Naye niyakwenza imisebenzi yooyihlo.” Amen! Indoda elilungisa, indoda engcwele, indoda owawungenakukhomba nto kuyo, ukanti Yababiza ngokuba “ziinyoka nabatyholi.” Yabona?

²⁵⁶ Ukhangelani ntoni? Ukuba ukhangela ukubona umntu othile ophakanyiselwe phezulu? Abanye abantu bacinga ukuba ngenxa yokuba uMoya oyiNgcwele usebenza ngawe, ufanelwe ukuba ube ngumntu omde, umfo oziphakamisileyo, ohamba ejikeleza angathi...AsingoMoya oyiNgcwele lowo. UThixo akasebenzi ngeeNgelosi ngoloo hlobo, okanye abo kubangwa ukuba bazizo. UThixo usebenza ngomntu. IBhayibhile ithi, “U-Eliya wayengumntu oluvo lunjengolwethu,” kodwa wawungenakuze ube ndawonye naye ungekamboni uYesu.

²⁵⁷ UPetros noYohane, kwisango elibizwa ngokuba Lihle. Bathi ke bakubancina apho phezulu malunga nokuphiliswa kwalaa ndoda, “Babeqondile ukuba babengabantu abangazinto, abangafundanga, kodwa baqonda kananjalo ukuba babekhe bakunye noYesu,” Yabona, ngokuba uBomi baKhe babubonakalaliswe kubo.

Ngoku, kuxhomekeka ekubeni yintoni na oyikhangelayo.

²⁵⁸ Laa mfazi wayeyifundile iBhayibhile. Kwaye yena wayesazi ukuba kwakukho uMesiya ozayo, waze wazi ukuba yintoni na eyakwenziwa nguloo Mesiya. Kwathi nje ukuba uYesu athi kuye, “Ndiphe ndisele.”

Wathi, “Akukho sikweni.” Uyindoda nje eqhelekileyo.

²⁵⁹ Ngoku, ukuba Wayehleli apho ethwele unkontsho olukhulu, nazo zonke iintlobo zezihombo kuYe, zo—zomntu

ongcwele othile, kuba, laa mfazi ngewayethe, “Kulungile, nankuya umbingeleli,” ahambe. Okanye, “Naluya uhlobo oluthile lukaRabi,” ahambe egqithe.

²⁶⁰ Umfundisi, into nje eyenye; ndibone indoda isiza kudla, namhlanje, apho bendisidla khona. Wangena ke lo mfo, ene-enengako ukuba mininzi iminqamlezo nezinto ezinjalo kuye; yinto entle ngamanye amaxesha ukuba abafa babenazo ezo zinto. Ndinga ukuba umelwe kukuphila ubomi. Awumelwe kuba nempahla eninzi yobufundisi, ukuqondakalalisa into oyiyo. Ngamanye amaxesha bayasela, benze yonke into kangako, batshaye nemidiza, nayo yonke into, banyanzelekile ukuba banxibe iimpahla zobufundisi kwa nkqu ukuze babonise ukuba bangabefundisi na okanye hayi. Injalo loo nto.

²⁶¹ Ndiyakuxelela, iimpahla zobufundisi zomntu kukunxiba ubhaptizo loMoya oyiNgcwele. Nantso into eyakubonakalalisa ukuba unaye uYesu! . . . ? . . . Injalo loo nto.

²⁶² Ngoku, sifumanisa ukuba, oko kuxhomekeke ekubeni yintoni na oyifunayo. Konxibe kakuhle, elungiswe kakuhle, uhlobo oluthile lonkontsho; awusayi kuMbona, ngokuba Wayeyindoda nje eqhelekileyo. UThixo usebenza ngendoda. UYesu wayeyindoda; uThixo usendodeni, kwaye Yena wayenguThixo.

²⁶³ Ngoku, sifumanisa ukuba lo mfazi, wakubona loo mqondiso usisimanga, wokuba Wamxelela izinto awazenzayo ezingalunganga, okanye into eyayisentliziyyeni yakhe, wazi kwangoko ukuba yayinguMesiya lowo. Ngoku, wathi akukhangela kuYesu, wabona uMesiya.

²⁶⁴ UMesiya, yayiyintoni imisebenzi kaMesiya? Wayeyakwazi imfihlelo yentliziyo. Ingaba ikufumene kakuhle loo nto? Andazi nokuba uyaqonda na. Ukuba unokuMkhangela, ngokuhlwanje, ungakhangela ntoni? Angaba kwayinto enye. UMesiya liLizwi, iLizwi! Kwaye iBhayibhile itshilo, kumaHebhere isahluko se-4, ukuthi, “ILizwi likaThixo libukhali, lisebenza ngamandla ngaphezu kwekrele elintlangothi-mbini, lihlaba lahlule ithambo, licalula iingcingane zentliziyo.”

²⁶⁵ Wathi akwazi ukuba loo Mesiya wayeza kuba liLizwi libonakalalisiwe, aze abe nokumxelela ukuba yayiyintoni na ingxaki kuye, wazi ukuba yayinguMesiya lowo. Hayi ngendlela Anxibe ngayo, hayi ngokuba ingakanani na imfundo Awayenayo; koko, ngomqondiso Awambonisa wona, WayenguMesiya. Wathi akubona uYesu, wabona uYesu; uThixo eseNdodeni, njengoko kwakuthenjisiwe kweso sigaba somthanjiswa.

²⁶⁶ Kodwa uyazi yintoni? Abaninzi, abezo zigaba zinye ndithethe ngazo, abazange bayibone loo nto. Abaninzi kubo abazange bayibone. yinto enye hamhlanje. Abaninzi

abangazange bamqonde uMoses. Abaninzi abazange bamqonde u-Eliya. Abaninzi abazange baqo-...Abazange babaqonde bade bemnka, kwakhona ke bayiqondayo.

²⁶⁷ Ongakholwayo wabona, ngemihla kaNowa, kuphela oko ukungakholwa kwakukhangele kuko? Ndinixelele ukuba ikholwa labona ntoni na, ngoku masibone okwabonwa ngabakholwayo. Ngemihla kaNowa, abangakholwayo babona ntoni—babona ntoni phaya emva apho babekhangele khona? Babona “oyibaxayo, etshuntuza esithubeni ngento ekwakusithiwa ngumkhombe.” Nantso kuphela into abayibonayo. “Ixhego elithile eliphambeneyo elinamabhovu amade amhlophe, elalilahlekwe yingqondo, yaye, ngophando lwenzululwazi nokuqondisisa, lathi, ‘Akho amanzi phaya phezulu.’ Kuba usizana lomfo omdala!” Bamsizela. “Mdluleni; yena uzakupapashwa njengophambeneyo kwakutshanje. Ulahlekwe yingqondo.”

²⁶⁸ Kodwa wayeneLizwi leNkosi. Wayesakha eqhubela phambili, kuyo, noThixo wayebonisa ubungqina bokuba unabongumbe wayesiza. Yayingumqondiso kubo lowo. Aba babengakholwa kwibali likaNowa bajikeleza baya kungena ebumnyameni, baze baphelela ekufeni, emanzini, nasengcwabeni lesihogo.

²⁶⁹ UFaro, wakhangela ngaxesha lithile. Wabona ntoni, wabona ntoni uFaro? Wabona “oyibaxayo, obizwa ngokuba ngumprofeti, enento eninzi yababanga ukuba bahlangulwe.” Nantso kuphela into abayibonayo; umxovi wodaka, ikhoboka limi apho phakathi kwabantu, lisithi ngokwalo lalithunywe nguThixo ukuza kwenza imimangaliso. Kuba, babcinga ukuba lo mfo wayelahlekwe...Bathi, “Hambani, nimyeke afundekele njalo. Uyaku...Bazakumvakalisa njengo ‘phambeneyo,’ ngomzuzwana nje.”

²⁷⁰ Kodwa wayeno-ITSHO INKOSI. Amakholwa, u-Aron, uYoshuwa, nabaninzi kubo, babona uThixo kuMoses. Kwaye imisebenzi kaThixo, wayenza uMoses, naso isizathu sokuba babe bazi ukuba uThixo wayekuye. Bakhangela babona uThixo engaphakathi kuMoses.

²⁷¹ Indoda esisityebi yakhangela yabona kanye loo nto WayeYiyo. Yabona? Kodwa yala ukuMlandela, ngokuba yathanda izinto zehlabathi, kakhulu, ekubeni ingalandela uYesu.

²⁷² Zingaphi izityebi eziza kuphulaphula eli khasethi, ezilolo hlobo! Akumelanga kuba zezityebe ngemali oko; hayi, ungatyeba ngenkanuko, utyebe ngeziyolo zobu bomi. Mangaphi amadoda, mangaphi amantombazana aselula, mangaphi amakhwenkwe aselula, angayi kuthengisa ngodumo lwayo lokuba yikumkanikazi ehamba ze yokwaziwa komfazi, okanye uRicky ophethe ibanjo okanye ikitara, aphume esonwabisa

ngomculo othile we-rock-and-roll, okanye uhlobo oluthile lomdaniso akwaziyo ukuwenza! Bangaphi kubo abaya kubanga ubutyebi bodumo lwabo, baze bale, ngeli thuba bahleli kanye ezinkonzweni bekhangele isandla sikaThixo sihamba sibabaza iLizwi laKhe! Bangaphi abaya kuyenza loo nto!

273 Yanyula ihlelo lenkonzo yayo. Yayiya kuphila ngalo. “UYesu wayengoyibaxayo,” kwihlelo layo. Ngoko kwakunyanzelekile ukuba kube phakathi kokuba ithabathe okwakuthethwa nguYesu, kungenjalo yayimelwe kukuthabatha. . .

274 Kwakutheni ukuze ingayi kumbingeleli wayo, ithi, “Ndingenza ntoni ukuze ndibudle ilifa uBomi obunguNaphakade?” Yayisazi ukuba umbingeleli kwakungekho nto ayaziyo ngaBo.

Ngoko weza kuYesu, wathi, “Ndingenza ntoni na?”

275 UYesu wathi, “Gcina imithetho.” Wayiphosela kuye kanye kwakhona.

Wathi yena, “Ndiyenzile lento.”

276 Wathi, “Gcina imithetho.” Ngoko, wayengekabi nabo uBomi obunguNaphakade, kwaye wayesazi ukuba wayengenabo. Ungayigcina yonke imithetho, yaye awukabi nabo uBomi obunguNaphakade, nangoko.

277 Ngoko uYesu wathi, “Ngoku ukuba ufuna ukwenza okulungileyo, hamba uye kuthengisa onako, uphise ngako kumahlwempu. Ubuye, uNdilandele.”

278 Kodwa yayiyinzima kakhulu loo nto kuye. Yabona? Sifumanisa ukuba wakhangela wabona ukuba WayenguBani na, kodwa nangoko wala ukuyithabatha loo nto. Wathi ephinda ukukhangela wabe esesihogweni, wakhangela phaya kude ebona uLazaro esezifubeni zika-Abraham.

279 UPilato wakhangela, ngelinye ixesha, ekuzisweni kwaKhe kuye. Wayengazange aMbone ngaphambili. Izandla zazibotshelelwe; igazi lisihla ngomqolo waKhe; isithsaba sameva sisentloko kuYe. UPilato wakhangela, waneliseka.

280 Ngokuba, ihashe leza liphala lisihla ngesitrato, okhwele kulo watsiba, wabaleka waya wathi, “Nantsi, inkosikazi ikuthumele le ncwadi.”

281 Waze wayikhangela, yabe ithe, “Pilato, myeni wam othandekayo, ungabi nanto yakwenza ngaloo Ndoda ililungisa, kuba namhlanje ndive izinto ezininzi ezinzima ephupheni ngenxa yaKhe.”

282 Wangcangcazela. Amadolo akhe abetha-bethana. Waze wathi, “Ukuba Unguye uNyana kaThixo, ukuba Unguye uKumkani, kutheni Ungayithethi nje loo nto? Unguye na Wena uKumkani kaSirayeli?”

Wathi, “Nawe utsho.”

Wathi, “Sixelele inyaniso.”

283 Wathi, “Ndazalelwa lento kanye.” UPilato wamangaliswa. Yena . . .

284 Bonke, wonke umntu, wayecenga ekhala ezinyaweni zakhe. Wathi, “Ndinegunya lokuKubulala, kungenjalo ndinegunya lokuKukhulula.”

285 Wathi yena, “Akukho gunya lanto unalo, ungalinikwanga nguBawo waM.” Whowu!

286 Mhlekezi, wayanelisekile ukuba Lowo wayengaphezu komntu. Wayaneliseke ngokupheleleyo ukuba kwakungaphezu komntu Oko. Ngokuqinisekileyo, wayanelisekile. Kodwa (yintoni?) udumo nezombuso lwalulukhulu kakhulu. Yabona, akazange aMhoye. Udumo lwakhe lwalulukhulu kakhulu. Ezombuso, isikhundla sakhe ebomini, sasisikhulu kakhulu, ekubeni angamnkelo lowo uyibaxayo.

287 Ingaba bangaphi ooPilato abayakuphulaphula lento, abayakuthi isikhundla sakho kwihlelo elithile lenkonzo sibe sikhulu kakhulu, ekubeni wamnkele iNkosi uYesu yenene imi kwindawo Ekuyo namhlanje.

Elaa joni lomRoma, emnqamlezweni, lakhangela kuYesu.

288 Emva kokuba ihlabathi laba nemeko yokuphazamiseka ngokuphatshuzela, lashukuma ngokokude amatye aqengqelege ezintabeni. Nelanga latshona emini enkulu, lajika lamnyama. Iinkwenkwezi azaphuma zikhuphe ukukhanya kwazo. Wadubula umhlaba ngamatye nenyikima. Umbane ojiko-jiko watshayela isibhaka-bhaka, walikrazula ikhuselo letempile ukusuka phezulu ukuya ezantsi. Kwaye, abantu babebaleka bekhala, babengazi ukuba kwenzeke ntoni na.

289 Laze eloo joni lomRoma lalincedise ekuMbetheleleni apho, lalihlabe ikrele lagqobhoza intliziyo yaKhe, laze lakhangela, kodwa lalise liphelele kakhulu ixesha. Lakhangela lakholwa, kodwa lase liphelile ixesha kulo lokuba likholwe into elaliyenzile yayitywine isigwebo salo, lalifake umkhonto wagqobhoza intliziyo yoMsindisi. Lalise liphele kakhulu ixesha.

290 Ingaba mangaphi amaRoma namhlanje enze kwaloo nto inye, nayakwenza kwaloo nto inye. Usenokukhangela, ngenye imini, kodwa lisenokuba lingasekho ixesha. Abaninzi banamhlanje bayakuza ngaloo mini kube kwayiloo ndlela inye. Bebesazi.

291 UMzalwana Woods lo; izolo. Ndiyithetha nje kuba ikulo Myalezo. Apha ezantsi kwiNkampani yakwaSlider, kukho umKatolika waseRoma ohleli apho. Ebehlile esiya kuthenga amatye okusamenta alapha enkonzweni, kwaye, uthe akuya, wamxelela ukuba uwafunela ntoni na. UmKatolika waseRoma ke wathi, “Ingaba nguMzalwana uBranham lowo?”

“Ewe.”

²⁹² Wathi, “Ndizakuthetha into ibenye; xa athandazayo, uThixo uyaphendula.” Uyabona?

²⁹³ Umangaliswe ngoko, esazi, ebona ukungqinelwa kokuba ngenene yiVangeli, asindim; ingenguye namntu uthile umele uKristu. LiLizwi eli sithetha ngalo, hayi umntu.

²⁹⁴ Yintoni le ndizama ukuyithetha? Yile, kukuba, bayalibona iLizwi elingqinelwe ngokucacileyo, njengoko wenzayo uPilato nabanye bebonke benzayo, njengoko lenzayo eloo joni lomRoma, kodwa ingaba uyakulinda lide liphele kakhulu ixesha lokuba ungenza nantoni na ngaloo nto? Ngewalisebenzisa ngenye indlela ikrele elo. Iingcango ziyakuvalwa, njengoko kwakunjalo ngemihla kaNowa, libe liphele kakhulu ke ixesha. Usenokuvuka ngentsasa ethile, uthi, “Bendizimisele ukuphuma kule mbudu-mbudu.” Musa ukulinda ixesha elide. Kungcono ukhangele uphile ngoku.

²⁹⁵ ULuther wakhangela kude kunehlelo lobuKatolika. Wabona ntoni? INTsika yoMlilo. Wabona ibandla elizimele geqe.

²⁹⁶ UWesley wakhangela kude kunehlelo lobu-Anglican. Wabona kwaloo nto inye.

²⁹⁷ Inkonzo kaMoya yakhangela kude kunawo onke amahlelo eemvaba. Yaba yintoni? Ngabakhulu, abantu abanamandla.

²⁹⁸ Benza ntoni bonke ngabanye? Xa abaseki, uLuther, noWesley, nabanye, ekwathi bakukhangela kude babona oko bakubonayo baze baphuma; abantwana babo, belandela emva kwabo, bakhangela emva apho babephuma khona bona, bephuma ehlelweni, baze bathabatha eloo qela labantu balibuyisela kanye emva koko konakala kunye babephume kuko.

²⁹⁹ Ukhangela ntoni? Abaseki bakhangela kakuhle. Kodwa abantu, ababelandela bona, bakhangela emva koko abaseki babephume kuko, benza kanye loo nto abaseki babechasene nayo; uMthanjiswa kaThixo.

³⁰⁰ Uyazi, mandikhawulezise, kuba ndinomgca wokuthandazela ozayo, yaye ndiyazi ukuba abaninzi benu bamelwe kukuhamba uhambo olude.

³⁰¹ Ngenye imini nam ndakhangela. Ndabona iLizwi lenziwe inyama. Ndabona u-Alfa no-Omega. Andizange ndibone sithathu, isine, okanye isihlanu; ndabona Omnye. NdaMbona njengoMsindisi wam. NdaMbona, uLizwi. NdaMbona, okukuKhanya. NdaMbona, uThixo Oligorha. Ndabona uThixo kuYe. Ndabona iNTsika yoMlilo. Ndabona, kuYe, ngokuchanekileyo oko iBhayibhile yathi Wayekuko. Ndabona ukuba wayengu-Alfa no-Omega, ukuba WayeyiNTsika yoMlilo. Yayinguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Ndabona ukuba

iNtsika yoMlilo yathi kuYohane, “UBukho baKhe obungenakusilela.” Njengoko watshoyo kwekaYohane, ngaphaya, “Yaye uBukho baKhe obungasileliyo abusayi kunishiya.” Mzalwana, okwam ukubona kusihlwanje, kukucula elaa culo:

“Khangela uphile,” mzalwana wam, uphile,
Khangela kuYesu ngoku uphile;
Kuba kubhaliwe kwiLizwi laKhe, haleluya!
Kuphela wena “Khangela uphile.”

³⁰² Khangela! Ubona ntoni? Uyayibona intlangulo? Uyayibona loo nto Ayiyo? Khangela ngeLizwi uze ubone oko Akuko, uze ke ngoku ukhangele kwangeloo Lizwi linye ubone ukuba usekwanguYe namhlanje njengokuba Wayenjalo ngoko. Uluqobo lomzekeliso wenyoka yobhedu entlango, ngenxa yesizathu esinye, isono nezifo.

³⁰³ UYuda wakhangela, ngenye imini. Wathi akukhangela, emva kokuba Wayemkhangele ngenene...Wayekhangela kuphela ebutyebini ngaphambili, ngaphambi koko, kwimbiza yemali ababenayo. Kodwa ngenye imini wathi akukhangela wabona uYesu, uyazi ukuba wabona ntoni na? Wabona ubutyala. Wabona ukuba akakulungelanga ukuphila, waze wazixhoma.

³⁰⁴ Ngenye intsasa, enye yezona ntsasa zibalulekileyo kuyo yonke imbali yexesha. Xa ndivala, ndithetha oku. Kukho into eyenzekayo eJerusalem, kwaze ngequbuliso iqela lamajoni lehla laya e—ejele. Ingathi ndiyakuva ukukhenkceza kwa—kwamatyathanga; ndiva ukurhuqwa kwemikhonto esitratweni.

³⁰⁵ Ngubani lo uphaya? NguBharabhas. Sele elungele ukufa. Ulisela. Akalunganga. Ungumphangi. Ungumbulali. Uzakufa.

³⁰⁶ Into yokuqala, wathi, “Ke, kuphelile okwam apha. Ndizakuxhonywa ngale ntsasa.”

³⁰⁷ Into yokuqala uyazi, unogada wavula ucango, “Phuma, Bharabhas.”

Waphuma wathi, “Ke, ndiyaqonda ukuba sisiphelo esi.”

Wathi, “Bharabhas, ukhululeke ngokupheleleyo.”

“Intoni? Nditheni? Ndi...”

“Ukhululeke ngokupheleleyo! Ukhululekile,” nditshilo.

Wathi, “Ndingakhululeka njani?”

³⁰⁸ Wathi yena, “Kulungile, yiza apha, Bharabhas, khangela *phaya* phezulu. Uyayibona laa Ndoda ifayo phaya? Iyithabathile indawo yakho.”

³⁰⁹ Ingaba kuthi sisonke, kusihlwanje, unganako ukukhangela ubone oko kwabonwa nguBharabhas, umntu othile ethabatha indawo yethu? “Wahlatywa ngenxa yezikreko zethu,

watyunyuzwa ngenxa yezenzo zethu ezigwenxa. Ubetho lokuba sibe noxolo lwaba phezu kwaKhe; nangemivumbo yaKhe,” ndaphiliswa, waphiliswa nawe. Ingaba thina, thina banetyala, bebemelwe kukuba bagule, singabona kuYe ukuhlangulwa kwethu? Wena kanye ubumelwe kukuya esihogweni; ubone kuYe inkululeko yakho, ilungelo lakho lokuya eZulwini. Ingaba ungayibona into eyabonwa nguBharabhas ngaloo mini?

³¹⁰ Wathi, “Kusaya kuba mzuzwana ihlabathi lingabi saNdibona, nina ke niyakuNdibona.” Owu, bandla! Ngoko, ukuba Wathi, “NiyakuNdibona nina,” oko kukuqondakalalisa ukuba unganako ukukhangela kwakhona. “NiyakuNdibona nina, kuba Ndiyakuba nani, ndibe kuni, kude kube sekupheliweni kwehlabathi.” Nini? Umbona njani Yena? ELizwini. Yena uliLizwi. Khangela eLizwini ubone ukuba sithini isithembiso, kuba nguYe izolo, namhlanje, nangonaphakade.

³¹¹ Into Awayeyiyo ngokuya Wayehamba eGalili, Usekwayiloo nto ngokuhlwanje eJeffersonville, kwaloo nto Uyiyo kuMnquba kaBranham. Ujonga ukubona ntoni, umseki, indoda yehlelo? Awusayi kuyibona kuYesu. Ingaba ujonge ububungeleli obuthile obukhulu? Awusayi kububona kuYesu. Hayi. Umbona njani uYesu? NgeLizwi likaThixo libonakalalisiwe, ngokuba Yena wayeliLizwi likaThixo elibonakalalisiweyo. Into Awayeyiyo ngoko, Uyiyo, ngokuhlwanje, yaye uyakuba yiyo ngonaphakade.

³¹² Masithobe iintloko zethu okomzuzwana. Nje ndizakuyinqumlela ibe mfutshane noko.

³¹³ Nkosi Yesu, umthandazo wam ngowokuba, undenze ndijonge kude kumaxhala obomi. Nkosi, ndi—ndiyazi ukuba singabantu nje abaphantsi, abangafundanga. Asinazinto zininzi kwezeli hlabathi, kodwa sithanda Wena, Nkosi.

³¹⁴ Yaye ndithethela aba bantu. Bebengenakuhlala kwindawo enjengale, baxinane bacudiseke, nalapha kwizihlwele ezithe jikelele; bahlale, besitsha, e—ebushushwini; kungenjalo besifa yingqele, baze beme kwi . . . besisiza abantwana babo nabanye, abagulayo nabaxhwalekileyo, besiza bonke; ukuba beze apha ukuza kubona nantoni na eyenye ingenguWe. Abo bantu, Nkosi, bebengenakuza kubona umntu. Baninzi abantu esitratweni; bayafana bebonke.

³¹⁵ Kodwa beze kubona laa Ndoda, laa Ndoda yakwaThixo, laa Yesu waseNazarethhe ungowenyama, esiba nguThixo. Ngoko, Bawo, Usixelele eyokuba, “Kusaya kuba mzuzwana, ihlabathi lingabi saNdibona,” kungenamsebenzi nokuba bakhangela kangakanani na, abasayi kuLibona. Kodwa Wena uthe, “Nina ke niyakuNdibona,” ikholwa lenyaniso, “ngokuba ndiyakuba nani, ndibe kuni, kude kube sekupheliweni

kwehlabathi.” Usithembisile thina ukuba, ukuba siyakhangela siyakubona. Yaye ndiyathandaza, ngokuhlwanje, ukuba Uzalisekise esoo Sibhalo kuthi kwakhona ngokuhlwanje, ukuze sibe nokujonga sibone uYesu eZazisa kuthi, ngendlela enye naleya wahlala Ezazisa ngayo, ezalisekisa iLizwi laKhe, ukususela ngoku, Nkosi.

³¹⁶ Yaye ndikhe ndaphawula, ngaphambi koku, kwaye ngenene ezi zinto ndizithethe ziphuma entliziyweni yam, malunga neePulls, yaye nguWe ondixeleleyo. Ke ngoku, imfihlakalo njengoko ibonakala, ukuba nje besinokukhe sitswebe isazela sethu sangaphakathi, size sibone ukuba ezoo zinto bezingenakuxelwa kwangaphambili, ngokugqibelele njengokuba zinjalo, ngaphandle kokuba oko bekuvela kuThixo.

³¹⁷ Besiyakuyibona njani laa nto yokuQala isenzeka? Ibiyakwenzeka njani eyesiBini? Ibiyakwenzeka njani eyesiThathu? Besingathini ukuma apha, iinyanga ngaphambi kokuba yenzeke, size sichaze oko kuyakwenzeka eTucson? Size sibe nokuvula aMatywina aSixhenxe, sibuyise imfihlakalo, sithile izinto ezifihliweyo zikaThixo, ezazifihlwe ukususela ekuqalekeni kwexesha. Ukuze ngokuyibona, kokubini ingqiniwe, yangqinelwa, yaqondisiswa ngokwenzululwazi!

³¹⁸ Nkosi, Uligwiba lethu namandla. Uyiyo yonke into esinayo. Yaye ndiyaKubulela, kuba Nkosi, ndiyinxalenye yale nkqubo yaKho inkulu. NdiyaKubulela, ngenxa yokuba lilungu loMzimba waKho, ndikunye nabaninzi abalapha abangamalungu oMzimba, abaninzi kwihlabathi lonke kumabandla ahlukeneyo, abangamalungu aloo Mzimba ufihlakeleyo kaKristu.

³¹⁹ Lonke ixesha sijonga, sibona Yena! SiMbona xa iintaka zicula. SiMbona xa ilanga liphuma, kungenjalo xa litshona. SiMva ezingomeni. SiMkhangele ebantwini baKhe. SiMbone engqinela iLizwi laKhe.

³²⁰ Owu Nkosi, unguThixo wethu Wena. Siyakubiza Wena kwakusasa. UnguBawo onenceba. Sixolele iziphoso zethu.

³²¹ Nkosi, sikwixesha lesiphelo. Ndibona ukuba iingcango ziza kuvalwa kwakutshanje, iingcango zamathuba. Yaye ngoku kusesemini ndisenako ukufikelela ndingene kwezinye zezi ndawo, Nkosi, ndincede ukuba ndiye. Ndiyaluphala; ndiphe amandla. Hlaziya ubutsha bam, Nkosi. Ndincede, ukuze kubekho into endiyenzayo phaya ngaphandle, ngoku, ekubeni ndilindele eli xesha libalulekileyo ukuba lifike, lizakubakho. Ndincede, Nkosi, ndisaphuma, ukuze ndibe nokwenza, phantsi kwendlela ethile, ukuba ndibambise laa Mbewu yokugqibela imiselwe ngenxa engaphambili, eyakuthi ibuyise iNkosi uYesu. Ndincede, Owu Thixo!

³²² Yaye ukuba ndandlalela nje omnye iqonga ayakuma kulo, ndiphe, Nkosi, ukuba kwenzeke msinya oko, ukuze iLizwi libe nokuzaliseka.

³²³ Umnqweno wentliziyo yethu kukuba sibone iLizwi laKho lizaliseka. SiyaKuthanda. Siyakholwa kuWe. Phakathi kwabangakholwayo, abantu abathandabuzayo, isizukulwana se—se—sento esinayo namhlanje, Nkosi Thixo, sisakholwa ukuba iLizwi laKho alisayi kusilela. Siyakholwa, ukuba, “Amazulu nomhlaba ayakudlula, kodwa Lona alinakuze lisilele.” Siyimele ngokukhalipha loo Nto.

³²⁴ Ngoku, Bawo, kweli qela lincinane lilindeleyo. Baninzi abagulayo apha. Baninzi abangasindiswanga apha. Abantu abasindisiweyo, ukanti bengazaliswanga ngoMoya oyiNgcwele. Nkosi Thixo, wanga Ungabakho, ngokwedinga leLizwi laKho, ukuze abantu bakhangele babone uYesu, baze ke bathobe phantsi banikezele iintliziyo zabo kuWe. Banga abagulayo bangakhangele babone ukuba akunakwenzeka ukuba nantoni na ibe ingayenza lento, nguThixo kuphela, ngokuba isisithembiso seLizwi laKhe.

³²⁵ Into esiyithethe namhlanje, kuyo yomibini iMiyalezo, yanga ingangqinelwa ngoku. Isezandleni zaKho yonke, Nkosi. Kwaye mna ndisezandleni zaKho. Ne—Nebandla lisezandleni zaKho. Sebenza ngathi, Nkosi, ukuhlonipha iGama laKho elikhulu. Owu Wena unguNaphakade, siphe oku ukwenzela uzuko lukaThixo. Amen.

³²⁶ Ndiyazi ukuba kushushu, yaye ndifuna ukuzama ukuthandazela abagulayo ngoku. Yaye ukuba nje ningandinika malunga neshumi elinesihlanu, amashumi amabini emizuzu, andazi nokuba mangaphi na amakhadi abawakhuphileyo, kodwa siza kuqalisa kwangoku sithandazele abagulayo.

³²⁷ Ngoku, uBilly undixelele ukuba ukhuphe, ebemangaphi? [Kukho othi, “Sisinye ukuya kwikhulu”—Mhl.] Ikuh—... Intoni, yintoni? [Kukho ophendulayo.] Kulungile. Kwalunga, masiqalise. Uthe ukhuphe ukusuka kwisinye ukuya kwikhulu. Bangaphi abanamakhadi okuthandazelwa apha? Phakamisani izandla zenu; amakhadi okuthandazelwa. Kulungile, linani noko. Sakuzama ukufikelela kuyo yonke into esinokuba nako ukufikelela kuyo, ukuba sinako. Ngoku, asinakuba nokuchazwa kweengcinga kubo bonke, uyazi, ngoko siza kuthandaza nje. Kwaye, wonke umntu, bangaphi abangenalo ikhadi, ube ugula phofu? Phakamisa isandla sakho. Baninzi.

³²⁸ Ngoku, khangele. Yintoni na? Ngoku, ndiyazi, sisenokuba si—sisemva kancinane kucwangciso nkqubo, malunga neshumi elinesihlanu lemizuzu, kodwa ndifuna ukuthetha lento inye. Isenokuba ngumahluko phakathi, apha, wokudla inguNaphakade eZulwini kungenjalo eSihogweni. Yabona? Khangele, hlonipha nje ukhangele, okomzuzu, phulaphula iLizwi, uze ubone ukuba Usahleli enguKristu na.

³²⁹ Ngoku, wonke umntu olapha ngeliphandle uyandazi. Yaye abaninzi benu andibazi, ngokuba andizi ngokwaneleyo apha

ngokokude ndinazi. Yaye abaninzi benu bavela ngaphandle kwedolophu. Bangaphi abangabantu bangaphandle kwedolophu, phakamisani izandla zenu. Yabona?

³³⁰ Ngoku, ndibuze umntu othile apha phakathi edolophini, ngenye imini, ndathi, “Ukhe unyuke?”

³³¹ Wathi, “Akukho mfuneko yokuba sinyuke.” Wathi, “Baninzi kakhulu abangabasedolophini, abeza apha, asinakungena.” Yabona?

³³² Kodwa loo nto—loo nto ilungile. Siza kubalungiselela indlela yokungena. Yizani, nokuba kutheni na. Qaphela, bona babenalo ithuba ngaphambi kokuba nibe nalo nina. Ewe.

³³³ Ngoku khumbula, ngoku, ndingumzalwana wenu nje. Niyayiqonda mpela loo nto. Ndingumntu; Yena unguThixo. Kodwa uThixo unokusebenza kuphela, wahlala esebenza, kwaye usebenza kuphela, ngomntu. Ngoku khangela ngokuhlwanje, hayi kum okanye kuye nawuphi na omnye umntu, koko khangela kuYesu Kristu.

³³⁴ Ngoku khangela ngokuhlwanje eSibhalweni, ukuba Sithembise ntoni na. Bangaphi kuni. . . Ndinganikezela ngazo zonke iintlobo zeZibhalo, kodwa bangaphi abayakukholwa nje kumaHebhere 13:8, ukuba, “UYesu Kristu isekwanguye izolo. . .”? [Ibandla, “Amen.”] Kwaye bangaphi abakholwayo kuYohane 14:12, “Imisebenzi endiyenzayo Mna niyakuyenza nani”? [“Amen.”] Yabona? Bangaphi abakholwayo ukuba Wathembisa ukuba kwa izinto Awayezenza, ngendlela yo “kucalula iingcinga ezisentliziweni,” ziyakubuya kwakhona ngomhla wokugqibela kanye phambi koKuza kwaKhe? [“Amen.”] Aha. Ngokuqinisekileyo. Siyayazi sonke loo nto. Kulungile. Owu, zingaphi ezizezinye, ngamakhulu ngamakhulu eZibhalo, kodwa siyayazi loo nto!

³³⁵ Ngoku khangela. Musa ukujonga ukubona umfundisi. Musa ukujonga ukubona umlungiseleli. Jonga ukuze ubone uYesu. Musa ukubona umntu; bona uYesu. Xa ukhangela, Mbone. Ukuba bendinokunceda, bendinokuyenza loo nto, kodwa andinako. Andinokunceda mna; ndingumzalwana wakho nje. Kodwa, Yena uyiNkosi yakho, khangela kuYe ukholwe. Kulungile.

³³⁶ Ngoku masiqale ngenani lekhadi. . . Kulungile, siza kuqala kwinani lokuqala. Bangaphi. . . Inani lokuqala, ngubani onekhadi lomthandazo elilelokuqala? Phakamisa isandla. Liphi? [Kukho umntu othi, “Phaya kanye emva.”—Mhl.] Uthetha elakho. . . [“Uphakamile.”] Ibililo elo? Oo, uxolo. Kulungile. Elokuqala, nyuka uze apha, nkosazana, kulungile. . . Nifuna ukubazisa bevela kweliphi icala, *ngapha*? Kulungile, yiza kanye *apha*, ukuba—ukuba uyakwazi ukuhamba. Ukuba kukho umntu obizweyo, usisiqhwalala, abanye bethu bamnyuse. Elokuqala.

337 Elesibini, ngubani onekhadi lesibini lomthandazo? Phakamisa isandla sakho, ngokukhawuleza kangangoko unokuba nako. Elesibini, liphi? Andiliboni. Phi? Uxolo, a— andi. . . Kulungile ngapha, nkosazana.

338 Elesithathu, awunakuphakama, okanye wenze enye into? Kulungile, elesithathu.

339 Elesine. Ikhadi lomthandazo lesine, awunakuphakamisa isandla? Liphi? Andiliboni. Ikhadi elinenani lesine lomthandazo. Uthini? Elesine.

340 Elesihlanu. Ngubani onenani lesihlanu, awunakuphakamisa isandla sakho? Andiliboni. Elesihlanu.

341 Inani lesithandathu. Inani lesithandathu. Ngokukhawuleza, ngokukhawuleza kakhulu, inani lesithandathu. Kulungile.

Isixhenxe. Nguwe, isixhenxe? Kulungile. Ilungile loo nto.

342 Isibhozo. Isibhozo, ngokukhawuleza kakhulu ngoku. Phakama, ngokukhawuleza okukhulu. Kulungile, isibhozo. Kulungile, mhlekazi.

Ithoba, ithoba, liphi? Inani lethoba. Kulungile.

Inani leshumi. Ishumi, kulungile, ishumi, kanye kweli cala. Ishumi.

Ishumi elinanye, elinesibini, elinesithathu, elinesine, elinesihlanu.

343 Asizi kubiza babebaninzi kakhulu kananjalo ukuze nibe nokufumana. . . Yabona, isizathu sokuba senze lento. . . Likhadi nje elinenombolo kulo, yabona, ukuze nize nje ngelinani. Loo nto yenza ukuba balandelelane.

Ishumi elinesihlanu. Ikhadi lomthandazo leshumi elinesihlanu. Kulungile.

344 Ishumi elinesithandathu, ishumi elinesixhenxe, ishumi elinesibhozo, ishumi elinethoba, amashumi amabini, amashumi amabini ananye, amashumi amabini anesibini, amashumi amabini anesithathu, amashumi amabini anesine, amashumi amabini anesihlanu.

345 Mabeze, benze umgca ngoku, amashumi amabini anesihlanu, ude wakheke umgca wenu. Nyukani ke ngoku ngokwamanani enu. Kulungile. Ningezi ngexesha elinye. Yizani nijikele kweliya icala, ukuba ninako, ukuba ningaphaya, yizani. Ngoku amashumi amabini a- . . .

346 Besibize eliphi, amashumi amabini anesihlanu? [Kukho umntu othi, “Amashumi amabini anesihlanu.”] Kulungile, masiphumle kumashumi amabini anesihlanu, okomzuzu nje. Kulungile.

347 Ngoku ndithi, ukuba anifuni kuma ithuba elide kakhulu, wakuwubona usihla, uze ungenelele kubo ngoko; amashumi

amabini anesihlanu, amashumi amabini anesithandathu, amashumi amabini anesixhenxe. Yithi nje, ke, ulinde, uwuyeke uhle kancinane umgca, awunyanzelekanga ukuba ume kakhulu, ithuba elide.

Ngoku masithobe iintloko zethu.

³⁴⁸ Owu, zihlobo, ngoku yintoni? Ngoku kuphi apho sikhoyo? Ngoku siseku—sekupheleni. Sikwixesha lokuba kubekho into eyenziwayo, uthi “Ewe” okanye “hayi.” UThixo umelwe kukufunyanwa elungile kungenjalo engalunganga.

³⁴⁹ Ngoku, namhlanje ndishumayeke iintshumayelo zambini, kunzima, ndizama ukunixelela ukuba uyintoni na Yena, ndinixelela ukuba ixesha liyavalwa; uyintoni na Yena, Wayeyintoni na. Ke ngoku xa sikhangele, ngokuhlwanje, masikhangele kuYe.

³⁵⁰ Ngoku, wonke umntu, eGameni leNkosi uYesu, hlala esitulweni sakho ngoku. Ungazulazuli. Hlala uzole ude ubizwe. Abantwana mabathi. . .

³⁵¹ Ngoku, ukuba kwenzekile ndithi, “Thoba intloko yakho,” uyenze ngokukhawuleza loo nto, sthandwa, kuba izinto ezingendawo ziyemka, ezinjengomhlaza nezinye izifo, yaye ziphumela phakathi kwabantu, zize zingene kwabanye. Bonke abakholwayo yiloo nto, nabaziyo ukuba isiSibhalo, bathi, “Amen.” [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Siyifumana, eBhayibhileni, ukuba imimoya engcolileyo yaphuma komnye yaya komnye, ekukhutshweni kwayo. Yaye yayizama ukufumana indawo.

³⁵² Ibe mangaphi amaxesha esiye sayibona loo nto enkonzweni! Abantu beze enkonzweni, bephile ngokupheleleyo bengaguli, bahlale apho bagxeke; baze, kusuku okanye kwiintsuku ezimbini emva koko, bafumaniseke bezimfama ngokupheleleyo, kungenjalo bebethwe ngomhlaza, beziziqonga. Yabona, ngokuba bebengabangakholwayo. Andinaxanduva ngabo; kuphela ndinalo ngabakholwayo. Abaninzi babo bayakungena ezindimangeni, kwiminyaka emininzi eyadlulayo, yaye baselapho, abanye baya engwabeni labo, nje ngenxa yokuba benenkani, bengakholwa.

³⁵³ Ayikho indawo yongakholwayo ngoku. Yindawo yabakholwayo kuphela. Kholwa kuThixo!

³⁵⁴ Bawo waseZulwini, ngoku yeyaKho inkonzo; ibiyeyaKho lonke ixesha. Ngoku, ndingathetha ngeLizwi laKho; kodwa ngoku, ukusukela ngoku ukuya phambili, andinakuthetha. NguWe Othethayo ngoku, Nkosi. Makwazeke ukuba umkhonzi waKho ubaxelele iNyaniso. Banga abantu abalapha, mhlawumbi baninzi abalapha begula, abangayi kukwazi nokungena kumgca wokuthandazela, kodwa Ukho nangoko,

Nkosi. Ungaphilisa naphaya kude, kanye njengokuba Uphilisa naphi na. Malaziwe iLizwi laKho, eGameni likaYesu, ndiyathandaza. Amen.

³⁵⁵ Ngoku ukuba ningakhe nindihoye ngokupheleleyo okomzuzwana nje. Ndifuna ukujonga ndihlise lo mgca wokuthandazela. Eneneni andikholwa nokuba kukho umntu omnye endimaziyo. Ingaba, kulo mgca wokuthandazela, ninonke anazani nam, niyazi ukuba andinazi? Phakamisani izandla zenu ukuba kunjalo. Andazani nabo. Bangaphi apho ngaphandle abaziyo ukuba akukho nto ndiyaziyo malunga nabo? Phakamisani izandla zenu, apho ngaphandle, yabona. Ngokuqinisekileyo, ngamashumi alithoba anesihlanu ekhulwini labantu apha, andibazi. Yinyaniso leyo.

³⁵⁶ Ngoku nanku umfazi omncinane, andizange ndimbone ebomini bam. Ungowasemzini ngokupheleleyo kum. Ngoku, usenokuba uzele ukugula apha. Usenokuba ulapha... Mhlawumbi kukho into ayenzileyo. Mhlawumbi ulapha ngenxa yezezimali. Mhlawumbi yingxaki yasekhayeni. Mhlawumbi ulapha emele omnye umntu. Andazi. Andinalo nofifi.

³⁵⁷ Kodwa nasi ngokuchanekileyo iSibhalo esikuYohane oNgcwele, isahluko se-4, indoda nomfazi badibana okokuqala. Yaye akukho mathandabuzo, kuba, loo mfaziuselula wadibana noYesu, Wayemdala kunaloo mfazi, ngokuba, “Yena,” bathi, “Wayekhangeleka enamashumi amahlanu, okanye engaphezulu kwamashumi amahlanu,” yaye ngeliphandle yayingumfazi nje omhle oselula lo wayephaya ngaphandle equleni, yayiyintombazana nje eselula. Kwaye naku kwakhona ngokuhlwanje, abantu ababini bedibana, oselula nomdala, ngaphandle kokwazana.

³⁵⁸ Ke ngoku yena umi phaya. Sikho isizathu esithile sokuba eme phaya. Andisazi. Usenokuma phaya, ngokomlahlekisi. Usenokuma phaya, ethetha into ethile, abe engeyiyo, ukuze abone nje ukuba kuzakwenzeka ntoni na. Ukuba kunjalo, uze ukhangele ukuba kuzakwenzeka ntoni na. Yabona? Yabona?

³⁵⁹ Ngoku, andilazi eli nenekazi; andizange ndalibona. Beliphakamise isandla salo, emzuzwini odlulileyo, ukubonisa ukuba andazani nalo. Kwaye ndibambe isandla sam, alazani nam. Andizange ndilibone. Kulungile, ngoku ukuba ndi. . .

³⁶⁰ Ndiyindoda nje, ndinyanzelekile ukuba ndithi, “Nkosazana, yintoni ingxaki yakho? Uze kwenza ntoni apha? Ufuna ntoni?”

³⁶¹ Lona ke lithi, “Mnumzana Branham, ndi—ndilapha ngenxa yokuba ndi—ndihlutshwa ngumhlaza. Ndhlutshwa yi—TB isifo sephepha. Ndhlutshwa lithumba.” Okanye, “Ndiswele imali. Mna... Umyeni undishiyile.” Okanye, “Anditshatanga, isithandwa sam siso esenze ngoloo hlobo.” Kunganyanzeleka ukuba lindixelele.

³⁶² “Ke,” ndingatsho, “kulungile, ndi—ndi—ndiza kukuthandazela; ndibeke izandla zam phezu kwakho, ndithi, ‘Nkosi Thixo nika lo mfazi oko akufunayo. Amen. Yesu, kwenze oko!’” Ndiliyeke limnke. Ke, ndiyaqonda ukuba ukuba beliyakukholwa kuloo nto, beliyakuphila. Ilungile loo nto. Ibe lulungiselelo olo kwemininzi, iminyaka emininzi.

³⁶³ Kodwa kwabekwa ngedinga, ngemihla yokugqibela, ukuba njengoko iNgelosi, uThixo, wayehleli ngaphakathi emzimbeni womntu wathi wavela ngaphambi kokuba iSodom itshe, waze Wahlala eze ngomva waKhe apho uSara wayekhona, waze waxelela u-Abraham into eyayicingwa nguye engaphakathi ententeni; uThixo, esenyameni yomntu, enxibe impahla zomntu.

³⁶⁴ Yaye yiloo ndlela kuphela uThixo anokuyenza ngayo loo nto namhlanje, kuxa Ayakungena enyameni yakho, yabona, abonise ukuba uThixo unokubonakalaliswa esenyameni yomntu.

³⁶⁵ UYesu wathi, “Njengokuba kwakunjalo ngemihla yaseSodom, kuyakuba njalo ekuzeni koNyana womntu.” Sinaye umthunywa, uBilly Graham nabanye phaya ezantsi eSodom, kodwa iBandla elinyuliweyo lamnkela uMyalezo kunye nomthunywa.

³⁶⁶ Ngoku, ukuba eli nenekazi...ukuba uMoya oyiNgcwele...Ungathi Uyakuyenza loo nto, ukuba Yena yakuzo andixelele into omele yona apha, okanye—okanye into oyifunayo, okanye into ethile oyenzileyo, okanye into ethile ozakuyenza. Kuba, ungazi ukuba ivela kumthombo othile wamandla angaphezu kwendalo loo nto, kuba simi nje apha, yabona. Loo nto ingayelungileyo, akunjalo? Ngoko ungazi ukuba inyanzelekile ukuba ibe iphuma kwigunya lamandla angaphezu kwendalo. Yaye ukuba iBhayibhile itshilo ukuba uYesu wenza kwaloo nto inye, waze wathembisa ukuyenza kwakhona kwimihla yokugqibela, ngoko ungakholwa ukuba nguYe lowo. Bangaphi abakholwa kwaloo nto inye? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ngoko ungabona uYesu. Ungabona iLizwi laKhe.

Ngoku uthi, “Ingaba UliLizwi?”

³⁶⁷ IBhayibhile ithe UliLizwi. Yaye iBhayibhile itshilo ukuthi iLizwi licalula ingcingane esentliziweni. Kunjalo? [Ibandla, “Amen.”—Mhl.] Ngoko iyakuba liLizwi elithethwe ngemilebe yomntu, licalula iingcinga.

³⁶⁸ Ngoku, andinako mna. Andinandlela yakuyenza loo nto, yabona, kuba andilazi eli nenekazi; kodwa Yena uyalazi, yaye Yena uliLizwi.

³⁶⁹ Kwaye Yena nguLowo unokuthabatha imimoya emibini yethu, njengoko wenzayo kumfazi equleni, nakuYe,

ayihlanganise; aze aye kude ngokundibonisa kanye ukuba uzele ntoni na apha, wenze ntoni na, okanye yintoni na ayifunayo, okanye enye into. Ndize ke ndibe nokuyithetha ndiyithethe, kuxhomekeke kuye ke ngoko.

³⁷⁰ Ngoku uthi, “Mzalwana Branham, unako ukumphilisa?” Hayi, hayi. Andikwazi ukuyenza loo nto Yena sele wayenzayo. Ngemivumbo yaKhe saphiliswa.

³⁷¹ Kodwa ukwenzela ukukhulisa ukholo lwakhe, ukwenzela ukuba azi ukuba, ukuba Wazi into ebeyiyo nento ayifunayo, Uyazi—Uyazi ukuba angamnika njani na loo nto nokuba uyakuba yintoni na emva koko. Akunjalo? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ngoku, uyakholwa yiloo nto wonke umntu? [“Amen.”]

³⁷² Ngoku hlonipha ngenene. Nani bantu niphaya phandle ngoku, ningenawo amakhadi okuthandazelwa, thandazani.

³⁷³ Ngoku, khumbula, uYesu wadlula kwiqela labantu ngenye imini, kwakho umfazi omncinci owachukumisa ingubo yaKhe. Waze Waguquka wathi, “Ngubani lo uNdichukumisileyo?” Waze Wakhangela kulo lonke eloo bandla wade Wamfumana, waze wamxelela ukuba ebenethombo legazi. Nokuba igazi lakhe lema ngeloo xesha. Yabona?

³⁷⁴ Ngoku, iBhayibhile ithe Yena ngoku u “nguMbingeleli oMkhulu onokuchukunyiswa zizilwelwe zethu.” Akunjalo?

³⁷⁵ Ndikhangele kuMzalwana Way, ohleli apha ecaleni kwenkosikazi yakhe. Kutshanje laa ndoda yayimi apha xa ndandishumayela, kanye njengokuba uPawulos wayeshumayela ubusuku bonke ngobunye ubusuku, yaze le ndoda yawa yafa kanye phakathi kwesihlewe. Waze uMoya oyiNgcwele wayivusela ebomini kwakhona. Ulingqina, yabona, ukuba, “UYesu Kristu isekwanguye izolo, namhlanje, nanganaphakade.”

³⁷⁶ Bangaphi abangazange bambone uMzalwana Way, abanokuthanda ukumbona; phakamisani izandla, abangazange bambone. Mzalwana Way, awunakukhe uphakame? Nantsi loo ndoda, yawa yafa malunga nalaa ndawo ihleli kuyo kanye ngoku. Ngoku nantsi inkosikazi yayo, ingumongikazi obhaliswe ngokusemthethweni, imi kanye phaya. Yayingabethi intliziyo yayo, imnkile; amehlo ayo erhoxile, imnyama ebusweni; kukuhlasela kwentliziyo.

³⁷⁷ UGqirha wayixelela ukuba ikhathazwa yintliziyo. Ngaphambi koko, ndandiyifumanise ngokucalula loo nto, kungekudala kwixa elidlulileyo, ndayixelela ukuba inengxaki yentliziyo. Ke ngoko, kwathi ngequbuliso, intliziyo yayo yema, nantso isihla. Yayiyiyo leyo ke, ilele apho, imnkile ngokupheleleyo.

378 Kwakumalunga nesithandathu okanye isibhozo samatyeli ndibona iNkosi uYesu ibuyisa abafileyo. NdaMbona eyenza loo nto, yaye Angayenza nangokuhlwanje.

379 Ngoku ndithabathela wonke umoya, olapha, phantsi kolawulo lwam, ukwenzela uzuko lukaThixo, eGameni likaYesu Kristu. Hlonipha. Ukhangele.

380 Ndifuna ukuthetha nawe, nkosazana. Bendishumayela, uyabona. Ukuze nje ndibe nokubamba umoya wakho, yiloo nto kanye endiyenzayo. Yabona?

381 Ikho into ngaphakathi kuwe, ubomi, kungenjalo ngewungemanga apho; ubuya kuba yinto nje, ilele ifile, yaye ubungayi kuba nabomi kuwe. Kodwa, ngenxa yokuba kukho ubomi kuloo nyama, buyakulawula. Yabona? Ke ngoku neengcinga zakho ngokwazo nento oyicingayo, amazwi owathethayo, nayo yonke into, ayiloo nto uphila ngayo. Yabona? Yiloo nto oyiyo, ngamazwi, iingcinga zakho, nantoni na oyiyo.

Ngoku, thina, silapha, sikholwa. Ngoku uMoya oyiNgcwele . . .

Njengoko uYesu wamxelelayo laa mfazi, “Ndi phe Ndisele.”

382 Ke, wathi akuzisa, wathi, “Kuba, Wena, Awumelwe kukucela loo nto kum. Mna—Mna ndingumSamariya. Wena . . . UliJuda wena. Asinabudlelane omnye nomnye, hayi—akukho ndlela, asinamazwi omnye komnye.”

383 Ngoku, kodwa, kakade, sobabini siziNtlanga. Kwaye simi apha sikholwa nje kuThixo. Ngoku, ukuba uMoya waKhe uthe weza ngakum njengesipho, ube nokukuxelela into; owaziyo ukuba inyanisekile na okanye hayi, kakade uyiphilile loo nxalenye yobomi. Ngoko, ngoko unaso isipho, onokukholwa ngaso. Yaye ukuba uyakukholwa kuloo nto, aze Akuxelele ngayo, ngoko iphelile. Yaye iyakusebenza kumntu wonke olapha. Ngoku, wonke umntu ahloniphe ngenene.

384 Eli nenekazi ke lihlutshwa yinto engalunganga emqaleni walo. Yinkathazo yomqala. Ukuba kunjalo, phakamisa isandla sakho. Ngoku, andizange ndilibone ebomini bam. Kunjalo. Nantso into elizele yona apha, kukuba ndithandazele umqala walo.

385 Ngoku, kanye ngoko, nje ukuba ndithethe loo nto, okanye ngaphambi koko kancinane, beli . . . Belisazi ukuba kukho iNto ethile esondele kulo. Into ethile esondela kuye, khona ngoko. Ubunokumbona indlela aphatshuzela ngayo, ukuziva okumnandi ngenene, okunjalo, kumchukumisa.

386 Okwa kuKhanya nikubona emfanekisweni. Uphi apho ukhoyo, George? Okwa kuKhanya kwakukula mfanekiso, kundanda kanye phezu kwalo mfazi, khona ngoku. Yabona, ukwenye imo. Ulikholwa, akalokholwa lokuzenzisa. Ulikholwa.

³⁸⁷ Ngoku, ekubeni ke ulikholwa, uyakholwa kum ukuba ndingumkhonzi waKhe, okanye umprofeti? Kunyanzelekile ukuba ndibe nguye, ukuze ndibe nokwenza loo nto. [Lo dade uthi, “Ewe, mhlekazi.”—Mhl.] Uyakholwa ukuba Angakuxelela ezinye izinto ezisentliziyyweni yakho? [“Ewe, mhlekazi.”] Kulungile.

³⁸⁸ Nantsi into esentliziyyweni yakho. Ngumntu othile omthandazelayo. Ngumntwana. Uyakholwa ukuba Angandixelela ukuba yintoni na ingxaki yakhe? Unentsholongwane. Ingaba kunjalo? [Lo dade uthi, “Injalo loo nto. Ewe.”—Mhl.] Uyakholwa ukuba uThixo angandixelela ukuba ungubani na? [“Ewe, mhlekazi.”] UnguNkosikazi Walker.”] Kulungile. Awuveli apha. [“Hayi.”] Uvela eMazantsi. [“Kunjalo.”] EGeorgia. [“Kunjalo.”] Uyagoduka, uphilile. UYesu Kristu ukuphilisile nomntwana wakho. Ungakhathazeki yiloo nto. Iphelile. UThixo akusikelele, dade.

³⁸⁹ Kunjani? Ngoku nanku omnye umfazi. Andimazi, andizange ndimbone. Ungumfazi nje omi phaya. Ngoku khangela, bendishumayela, konke, ukusukela ngentsimbi yesibhozo, kwade kwayintsimbi yeshumi ngoku. Ziyyure ezimbini ezo ndilapha. Okwa kucalula kunye kundenza buthathaka ngaphezu kwentshumayelo yeeyure ezimbini. Yabona? Oko . . . Yabona?

Uthi, “Uthetha ukutsho ngaloo nto?” Oo, ewe.

³⁹⁰ Laa mfazi wachukumisa umqokumbelo wengubo yaKhe. Wathi, “Ndiyaqaphela ukuba kukho isidima esiphumileyo kuM,” amandla. Akunjalo? Yayiyiloo nto eyabanga oko.

Ngoku, nanku umfazi endingazange ndimbone.

³⁹¹ UBilly ebeye ngaphaya, ukuba uqaphele, wathabatha laa nkwenkwe sinayo apha, uGeorge uyinkwenkwe yomBhaptizi. Ndifuna ukuba abone ukuba yintoni na le siyithetha ngoThixo. Uyise, usapho lwakokwabo, ngabantu abalungileyo. BaseMexico, ngabaseki mabandla, abantu abalungileyo. Kwaye uyise uyagula, naye. Ndilindele nje ukuba afike. Ngoku khangelisisa, George.

³⁹² Ngoku, eli nenekazi, a—a—andalazi. A—Andizange ndilibone. Ndiyaqonda ukuba asazani omnye nomnye. [Lo dade uthi, “Kunjalo.”—Mhl.] Asazani.

³⁹³ Kodwa ngoku, uMoya oyiNgewele, ubumnandi bukaYesu bukhona, sonke singamangqina aloo nto. Ngoku ukuba iNkosi uYesu iyakutyhila kum into ethile malunga nawe. . .

³⁹⁴ Ngoku, ukuba bendikwazi ukukuphilisa, bendiya kuyenza loo nto, kodwa andikwazi ukwenza into asele Eyenzile. Inye into, ukuba Ebemi apha ngokuhlwanje enxibe le suti, Wandipha yona, ke, ngoku, E—Ebengayi kukuphilisa, ngokuba sele Eyenzile loo nto. “Ngemivumbo yaKhe saphiliswa.”

Yabona? Kodwa inye into Ebeyakuyenza, kukuZicacisa ngeLizwi Awalithembisayo, enze ukuba ubone ukuba nguYe izolo, namhlanje, nangonaphakade. Kwaye Wathembisa ukuba uyakuyenza loo nto.

³⁹⁵ Ngoku ukuba Uyakundisebenzisa ukukuxelela into ozele yona apha, ungalusebenzisa olo kholo unalo, kuYe, ukukholwa ukuba uyakwamnkela oko unako...uzele kona apha? Ngentliziyo yakho yonke? [Udade uthi, “Ewe, ndiyakwenza njalo.” Kulungile, yanga iNkosi ingakupha.

³⁹⁶ Ndibona inenekazi elinengxaki. Ukuxilongwa kubonisa ukuba lune—neqhuma esiswini. [Lo dade uthi, “Kunjalo.”—Mhl.] Injalo loo nto. [“Injalo loo nto.”] Yinyaniso, ewe, mhlekazi, iqhuma esiswini. [“Lilo.”] Uyakholwa ukuba uThixo angaliphilisa iqhuma? [“Ewe, mhlekazi. Ndikholwa konke endinokukukholelwa.”] Wena ninonke—nina... [“Ngako konke endinokukholwa ngayo.”] UThixo akusikelele. [“UThixo unako ukusiphilisa isisu sam.”]

³⁹⁷ Ngoku, awuveli apha. [Udade uthi, “Hayi, mhlekazi.”—Mhl.] Uncame okuninzi ukuze uze apha. [“Ewe, bekunjalo.”] Bekunjalo. [“Mayibongwe iNkosi!”] Ewe. Ewe. Uvela eTennessee. [“Ewe, mhlekazi.”] Injalo loo nto. Nkosikazi Hart. [“Kunjalo.”] Phindela; ungathandabuzi. Uyakuphila, ukuba nje unokukholwa.

³⁹⁸ Kunjani, nkosazana? Asazani omnye nomnye. [Udade uthi, “Kunjalo.”] Andizange ndikubone ebomini bam, ngokokwazi kwam. Isenokuba ndakubona, kwindawo ethile enkonzweni, usenokuba nawe wandibona, kodwa andikwazi. UThixo uyakwazi. Uyakholwa kum ukuba ndingumkhonzi waKhe, libe ilizwi endilishumayeleyo liyiNyaniso? Ke, njengokuba singazani nje; libe iLizwi, endilishumayeleyo, ukholiwe kulo.

³⁹⁹ Inye into, kukuthi, kukho abaninike amakhadi; kuphakathi kokuba ngamadikoni, okanye unyana wam, okanye omnye umntu okunike ikhadi. Labizwa inani lakho, naku ke ulapha. Nantso kuphela into endiyaziyo.

⁴⁰⁰ Kodwa ulapha, ukhathazwa bubuphatshu—phatshu engqondweni. Ikuhlupha kakhulu loo nto. Kukho umntu ohamba naye. Kukho umntu omthandazelayo. Ngu...ngumyeni wakho. Yaye unengxaki yokomoya angakwaziyo nje ukuyoyisa. Unomntwana ogulayo, kananjalo. Awuveli apha, koko uvela eMantla. Uvela eCanada, e-Alberta. Injalo loo nto. Uyakholwa kum ukuba ndingumprofeti kaThixo, ukholwa ukuba oko ndikuxelela kona kuyiNyaniso, goduka yaye uyakukwamnkela oko ukufumeneyo. Ewe. Kholwa. UThixo akusikelele, nkosazana.

⁴⁰¹ Andazani nawe. Awazani nam nawe. Andikwazi. Kodwa uThixo uyakwazi. Uyakholwa kum ukuba ndingumkhonzi waKhe. [Udade uthi, “Ewe ndiyakholwa.”] Ngentliziyo yakho

yonke? Andikwazi, akukho nto ndiyaziyo ngawe. Ukuba bendinokukuphilisa, bendiyakwenza njalo, kodwa a—andikwazi. [“Amen.”] Andingomphilisi. Ndiyindoda nje. Kodwa Yena unguThixo. Ndibubhideka nje kancinane, ngokuba kukho umfazi omdalana omi phakathi kwam nawe. Ngumntu othile omthandazelayo. [“Ewe.”] Ewe. Ngumama wakho. [“Ewe, nguye. Ewe.”] Yaye ukhathazwa li—liqondo eliphezulu lobushushu begazi. [“Ewe, unalo.”] Kwaye une—unezintso ezingcolisekileyo. [“Ewe, mhlekazi.”] Injalo loo nto. [“Yinyaniso leyo.”] Uyakholwa yiloo nto? [“Ewe, ndiyakholwa.”]

⁴⁰² Umama wakho akakho apha. [“Lo dade uthi, “Hayi.”—Mhl.] Kodwa wakufika kuye, uthabathe eso sikhafu sijijelwe entanyeni, usibeke phezu komama wakho, ungathandabuzi, eloo qondo liphezulu lobushushu begazi liyakumyeka, nokungcoliseka okukuwe kuyakumnka. Hamba, ukholwe ngoku.

⁴⁰³ Niyakholwa ngoku? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ngentliziyo yenu yonke? [“Amen.”] Ngoku, uyabona, ndikhangela phaya kwisihlwele, kukhangeleke nje ngathi—ngathi kuyaqalisa ukuba lubisi, ngolo hlobo, phaya. [Yindawo engenanto le ekhasethini.]

⁴⁰⁴ “Ezi zinto ndizenzayo Mna niyakuzenza nani.” Wenze izinto ezingaphezulu kanye apha, ngokuhlwanje, kunokuba Yena...okanye ezelo hlobo, kunokuba Wenzayo kuhambo luphela lwasebomini. Injalo loo nto.

Ngoku, eli lona inenekazi, umfazi oselula. Andilazi, alazani nam. Kodwa uyakholwa kum ukuba ndingumkhonzi waKhe? [Udade uthi, “Ewe.”—Mhl.] Ngoku umzuzwana nje.

⁴⁰⁵ Kukho indoda ebize phambi kwam, umntu othile apha esihlweleni. Ngoku umzuzu nje. Umntu othile apha kwisihlwele. Kumnke ngeloo xesha kanye; okwaa kuKhanya kumnkile apha. Yaye bekukho indoda ebimi ngakuKo, ikwindawo ethile esihlweleni. Ningadinwa nje; nibe ngabakhuthazekileyo.

⁴⁰⁶ Masibuyele emva kwakhona sibone kulo mfazi. Ngoku ukuba iNkosi uThixo...Sisithandathu okanye isisixhenxe, okanye enye into, edlule apha, phantsi kokucalulwa. Yaye ukuba iNkosi uYesu uyakutyhila kum, kulo mfazi, nokuba yintoni na engalunganga kuye, ingenza ukuba ninonke nikholwe ngentliziyo yenu yonke? Ningamamnkela uKristu phezu kwezo ziseko? [Ibandla, “Amen.”—Mhl.] Yabona? Ngelinye ixesha imelwe kukuqondakaliswa. Amatyeleli amathathu bubungqina. Eli ke lelamashumi amawaka amaxa, kungaphandle kokuba iphosakale nangexesha elinye.

⁴⁰⁷ Awuzelanga isiqu sakho. Uze ngenxa yendoda. Yaye ndiyibona ihleli ithobe intloko yayo. Itshaya umdiza, kwaye

uthandazela ukuba umdiza uyiyeye. Loo nto i. . . Yanga iNkosi uThixo ingakunika isicelo sakho, dade. Hamba, ukholwa ngentliziyo yakho yonke, yaye wanga loo mtyholi womkhwa ungamyeka umyeni wakho, eGameni leNkosi uYesu.

408 Inkathazo yakho isemqolo. Uyakholwa kuThixo ukuba uyakuyiphilisa? Uyakholwa? [Udade uthi, “Ewe, ndiyakholwa.”—Mhl.] Kulungile. Hamba, uthi, “NdiyaKubulela, Nkosi.”

409 Ndiyamazi lo mfazi, ndiyakholwa ukuba yintombi kaNkosikazi Neece. Akunjalo? [Udade uthi, “Ewe.”—Mhl.] Ndinge ukuba yiyo. UThixo akusikelele. Laa nkathazo indala yomqolo iyakukuyeka ngoku yaye ungasoduka uphile.

410 Uyakholwa ukuba uThixo uyasiphilisa isifo samalungu amathambo akwenze uphile? Hamba uMxelele ukuba uyakholwa kuYe. Kholwa nje ngentliziyo yakho yonke.

411 Kunjani, mhlekazi? Uyakholwa ukuba uThixo angayiphilisa loo ngxaki yesisu akwenze uphile? [UMzalwana uthi, “Amen.”—Mhl.] Kulungile, hamba ngoko, uthi, “Ndibulela iNkosi, ndi—ndizakuphila ngoku.” Kwaye uya—uyakuphila.

412 Sesinye isiganeko sesifo samalungu esi, nokwaluphala, kananjalo. Uyakholwa ukuba uThixo uyakukuphilisa ukuba ndibeke izandla phezu kwakho? [Udade uthi, “Undiphilise amatyeli amaninzi, ngawe, ngokubekwa kwezandla zakho kum, mzalwana.”—Mhl.] Niyivile loo nto? [Ibandla lithi, “Amen.”] INkosi ikusikelele dade, ikunike ukuhlangukwa kwakhona ngokuhlwanje. Amen. Kholwa nje kuYe.

413 Ingxaki yentliziyo, ingxaki yesisu. [Udade uthi, “Ewe.”] Uyakholwa ukuba uThixo unokuyiphilisa? Kulungile. Hamba, eGameni leNkosi uYesu, wanga Angakuphilisa.

414 Kunjani, mfanyana? Ingxaki yesifuba. Uyakholwa ukuba uThixo unokusiphilisa isifuba? [UMzalwana uthi, “Ewe.”] Hamba, kholwa yiloo nto; Uyakuyenza. Kulungile.

415 Yingxaki yeswekile. Uyakholwa ukuba uThixo unako ukuphilisa igazi lakho akwenze uphile? Hamba, kholwa kuYe, kwaye Uyakuyenza loo nto. Uyakholwa yiloo nto ngentliziyo yakho yonke?

416 Bekuyakuthini ukuba bekungekho nto ndiyithethileyo kuwe; ndibeke nje izandla zam kuwe; uyakholwa ukuba uMoya oyiNgcwele ulapha ukuze akuphilise? [Isigulana sithi, “Ewe.”] Nantso indlela eyenziwa ngayo loo nto. Yiza apha. EGameni likaYesu Kristu, wanga angahamba aphile. Amen.

417 Yiza, nkosazana. Ukuba andithethanga nto kuwe, uyakholwa ukuba uThixo uyakuyiphilisa ingxaki yakho yabasetyhini e. . . Hayi, uxolo, sele Eyithethile loo nto. Hamba. UThixo akusikelele. Hamba, hamba, ukholwa, ngoko, uphile.

418 Uyakholwa, mhlekazi, ngentliziyo yakho yonke? UThixo uyayiphilisa ingxaki yentliziyo Akenzi njalo? [UMzalwana uthi, “Ewe.”—Mhl.] Uwenza aphile amadoda. Ndiqinisekile ukuba Uyayenza loo nto.

419 Yena, Yena unguThixo. Niyakholwa yiloo nto? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Niyakholwa kuloo nto ngentliziyo yenu yonke? [“Amen.”] Yibani nokukholwa kuThixo!

420 Kukho indoda eyenze into ethile apha, emizuzwini nje embalwa edlulileyo. Ndifuna ukufumanisa loo nto. Ibiligazi. Kukho umntu ofumene ingozi, okanye into ethile eyenzekileyo. Ibi—Ibikukopha. Ibikwindawo ethile. Le ndoda ibihleli apha; bendisandula kuthandaza. Ewe, yiyo. Yile ndoda ihle...Kuba, nguJ.T. Parnell. Ndiyamazi lo mfana. Wopha ngaphakathi, J.T. Uyakholwa ukuba uThixo uyakukuphilisa? Kulungile, liyakuyeka ngoko, ukuba uyakholwa yiloo nto. Kholwa ngentliziyo yakho yonke.

421 Eli nenekazi lihleli apha kanye, likhangele ngaphaya, lihleli phaya ngakuMzalwana Grimsley. Kukho ukuKhanya ngakulo. Wena, unomqala wempahla omncinane omhlophe. Marry, andikwazi, kodwa ligama lakho elo. Ukhathazwa yingxaki yasemoyeni, yaye kananjalo uphatshu-phatshu kakhulu. Yilibale loo nto; izakulunga yonke. Kholwa ngentliziyo yakho yonke. Kholwa kuThixo. Ukuba nje unokukholwa.

422 Eli nenekazana lihleli kanye phaya phezulu kumgca ongemva, ngaphaya ecaleni kweliya cala, livela eMichigan, likhathazwa yingxaki yabasetyhini. Uyakholwa ukuba uThixo uyakukuphilisa? Ungayifumana into oyicelayo, ngoko. Uyakholwa? Amen. Phakamisa isandla sakho, uthi, “Ndiyayamnkela.” Kulungile, ungasoduka uphile. Andilazi elaa nenekazi, kodwa uThixo uyalazi.

423 Kuthiwani ngawe ulapha kwibhedana esongwayo? Nguwe kuphela umntu osisiqonga, okanye umntu okwibhedhi encinane. Andazani nawe. Andikwazi. UThixo uyakwazi. Kodwa, ndithi, ugutyungelwe lithunzi lokufa. Unomhlaza. Uvela kude kakhulu. Uvela eCincinnati, apha. Igama lakho unguMnumzana Hawk. Kholwa ngentliziyo yakho yonke. Ukuba uhleli apho, uyakufa. Yamnkela uYesu Kristu uphiliswe. Uyakholwa kuYe? Ngoko yima ngeenyawo zakho, phuma kweloo qonga lebhedi, wamnkele uYesu Kristu.

424 Bangaphi apha abakholwayo kuYe, ngeli xesha? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Niyakholwa ngentliziyo yenu yonke? [“Amen.”] Ngoko sonke, nonke ngabanye, yimani ngeenyawo ngoku. Phakamani. Ngoku ngendlela eyeyakho, ngendlela othandaza ngayo, beka isandla kumntu othile osecaleni kwakho.

425 Uphi uDade Brown? Ebehleli apha, ehlupheka yiloo nto. Ngenye imini wandibiza emnxebeni, wabe engakwazi

kuphakamisa izandla zakhe. Ndabona ukuba yinto ethile engalunganga kwigazi lakhe. Ndathi ndakuhlangana naye ngenye imini... Uneswekile. Uphi? Ebelapha kunye noNkosikazi Dauch, emzuzwini odlulileyo. Kulungile, Dade Brown. Ngokuhlwanje, ndifuna ukuba ukholwe ngentliziyo yakho yonke. Ndiyazi ukuba uyazi ukuba yintoni na ingxaki yakho, kodwa ndifuna ukuba ukholwe. Uphume esibhedlele, ukuba uze apha, yabona, ukuze uthandazelwe. Ndiyakuthandazela ngoku. Kholwa. Uzakuphila.

⁴²⁶ Margie, kholwa kuThixo. Izakuyeka khona ngoku. Izakuphela. Uyaziphilisa izifo zeswekile, Angakuphilisa koku kugula kusesiswini sakho.

⁴²⁷ Ngoku mntu ngamnye bekani izandla omnye komnye, nizibambe izandla zenu apho okomzuzwana. Beka nje izandla zakho komnye, ubambe... Yabona, kuza kubetha intsimbi yeshumi elinanye, yaye abaninzi kwaba bantu bazakuqhuba besiya eTennessee nakwiindawo ezahlukeneyo.

⁴²⁸ Ngokuqinisekileyo, iNkosi uThixo iqondakalalisile. Ubone ntoni, ngokuhlwanje? Ingaba ubone indoda okanye ubone uYesu, uYesu engqinela iLizwi laKhe?

⁴²⁹ Ezi tshefu zilapha, ngeli thuba intambiso isephezu kwam, izandla zam ziphezu kwezi tshefu, ndithandaza ukuba uThixo Onamandla onke... Bathi, "Bathabatha besusa kumzimba kaPawulos iitshefu, okanye imibhinqo."

⁴³⁰ Naba abo babefile, baze bavuswa. Bakho abo babekwiingozi, bebotyokile, baphilisiwe. Kukho i... .

⁴³¹ Ndibona uNkosikazi Wilson emi apha, owathi, kungekudala kwithuba elidlulileyo, wayesophela ukufa, yiTB, kwiminyaka eyadlulayo. Nguye lo ngokuhlwanje, oogqirha babengamniki ngaphezu kweeyure nje anokuziphila. Nanku emi apha ngokuhlwanje.

⁴³² Jikelele, ukuphumela apha, iziqhwala, iimfama, izilima, abakwiinqwelo ezinamavili nayo yonke into, nabaya bemi phaya ngokuhlwanje bezizibonakalalisile eziphilileyo. Kutheni kunjalo nje? UYesu Kristu uyaphila, usekwanguYe izolo, namhlanje, nangoNaphakade.

⁴³³ Laa ndoda isandula kungqina, emzuzwini nje odlulileyo, ngayo, phaya ezantsi, eyayinesithuthwane, eyayinaso yonke loo minyaka, nayo yonke into, yaze yathi ngexesha nje elinye enkonzweni. Yaye ngoko kwakumalunga, ngokusondeleyo kumashumi amabini eminyaka eyadlulayo; ayizange ihlaselwe ukusukela ngoku. Yenye leyo kumashumi amawaka.

⁴³⁴ Ungumphilisi. Amen. Uyaphilisa. Ngoku, ungathabatheki kakhulu. Yithi nje, ube nokholo olunjengolomntwana, ukhangele lee eKalvari. Vala amehlo ulibale ngokuba ukulo

Mnquba. Vala amehlo ulibale ngokuba kukho umntu okufutshane nawe, ukhangele kuYesu ubone. Khangela kuYesu ngoku uphile.

Kubhaliwe eLizwini, Haleluya!
Kuphela kukuthi “khangela uphile.”

Owu, “khangela uphile,” mzalwana wam,
khangela,
Khangela kuYesu ngoku uphile;
Kubhaliwe eLizwini, haleluya!
Kuphela kukuthi “khangela uphile.”

⁴³⁵ Wavale amehlo akho ebantwini. Wavale amehlo kwizinto ezikungqongileyo. Ukhangele ngokholo lwakho, kuYesu Kristu, wazi, ukuba, “Wahlatywa ngenxa yezenzo zethu ezigwenxa; ngemivumbo yaKhe saphiliswa.”

⁴³⁶ Nkosi Yesu, njengokuba aba bantu bethandaza, kwaye, babeke izandla zabo omnye phezu komnye. Kwaye thina si...yaqonda ukuba simi kuBukho bophilayo, uYesu Kristu ovukileyo, ekwimo kaMoya oyiNgcwele, esityhilela iimfihlelo zeentliziyo zethu, esazisa kuthi iminqweno yethu, esithembisa ukuba Uyakusinika iminqweno yethu ukuba nje siyakukholwa.

⁴³⁷ Abafazi namadoda babekene izandla. Bayathandaza, ngokuba singabemi kunye boBukumkani bukaThixo. Singabazalwana kunye noodade bakaYesu Kristu.

⁴³⁸ Ke, Sathana, siza kuwe simelana nawe eGameni leNkosi uYesu. Nguye iKrele. NguYe onqumla asuse ukugula. NguYe onqumla asuse ukuthandabuza. Yena nguMeyisi. Ngoku simelana nawe, eGameni likaYesu Kristu, ukuba uphume kwaba bantu, Sathana!

⁴³⁹ ILizwi likaThixo libonakalalisiwe. Liyalusa, lisuse ukuthandabuza, lisuse isifo, lizise intlangulo egqibeleleyo. Siyathandaza ukuba uMoya oyiNgcwele uwele aba bantu, ubanike amandla wokholo lokukholwa ukuba uBukho bonamandla onke uKristu bulapha ngoku. Siphe oko, Nkosi.

⁴⁴⁰ Ndikhalimela konke ukugula. Ndikhalimela zonke izifo. Ndikhalimela konke ukungakhohla. EGameni likaYesu Kristu, wanga uMoya oyiNgcwele ungakuhlonipha oko ndikuthethileyo, utshaye nje kuso sonke esi sakhiwo ukhulula wonke umntu okuBukho obuNgcwele.

⁴⁴¹ Phakamisani izandla zenu ngoku niMdumise. Ndivakalisa ukuba niphilile niphilisiwe, eGameni likaYesu Kristu!



KHANGELA PHAYA KUYESU XHO63-1229E

(Look Away To Jesus)

Lo Myalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham owawushunyayelwe ekuqaleni ngesiNgesi ngeCawe ngokuhlwa umhla wama-29 kuDisemba, ngowe-1963, kuMnquba kaBranham, eJeffersonville, e-Indiana, eMelika, wathatyathwa kwisishicileli-mazwi washicilelwa ungafinyezwanga ngesiNgesi. Le nguqulelo yesiXhosa ipapashwe ngowe-2006 ngabe:

©2006 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS

P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org